# *ElokuManyana*

# *Ixesha Nomqondiso*

Molweni ekuhlweni. Kuyinyhweba ukuba lapha ngokuhlwa nje, ndize ndime kuyo lendawo.

2 Mna, ekuseni nje, ndisiza ngendlela . . . Bendimkile ndiye kuthandaza, ndilindele eNkosini. Kwaze ekuzeni kwam ndisehla ngendlela, ndiye ndavula u—umshumayeli kunomathotholo, uMzalwane uSmith, ontsundu umzalwane, (ingaba nonke nimvile ngale ntsasa? Nabani na kuni?) phezulu e, ndiyakholwa kuse-Ohio. Omnye othile ebendixelela ngaye eshumayela, waza wathi, "Umelwe kukuba umvulele, ngolohlobo."

3 Kuye kwenzeka ukuba ndimfumane, ekuseni nje. Kwaye yena ngokuqinisekileyo ebexela malunga nendlela isono ebesisanda ngayo ehlabathini namhlanje, kwaye yena ebe . . . Ndaze ndavulela ngaphaya phambilana, isikhululo ukusuka kweso, ndaze ndehla ndeva okunye. Ngexesha ndifika ezantsi apha, besele nje ndilungele ukubona ukuba bekungekho semva kwexesha kakhulu na ukuze ndize enkonzweni, ngale ntsasa xa bendingena. Ke, singabanenyhweba enkulu ngenene ukuba sibelapha ngobu busuku, size sikhonze kwinkonzo yeNkosi.

4 Kwaye ndithetha ngoMzalwane uNeville, kunye nomyalezo ngenye imini, kwelinenekazi lincinane, udade wethu oye nje wemka kuthi. Lowo yayingu, simazi sonke ukuba yayingubani, nguDade uWeaver. Kwaye ndicinga ngendoda apha, ibhaptizwa ngokuhlwa nje; yena . . . ndambhaptiza kweliqula xa nda . . . kwafuneka ukuba bamzise apha ngesitulo esinamavili. Wayesifa, enomhlaza, kwaye wayeshiyekelwe bobabusuku ephila; oogqirha babe sele bemncamile, wayezakufa ngentsasa elandelayo. Ndaze ndaya kwikhaya lakhe ndazama ukuthetha naye malunga nempiliso eNgcwele, wavele nje wamane ephinda-phinda, "Andifanelwanga kukuba uze kungena phantsi kophahla lwam." Wathi, "Andi—andifanelwanga kukuba umshumayeli abesendlwini yam." Wathi, "Ndingumoni." Kodwa wathi, "Mhlekazi, andifuni kufa ndinje." Waza ke uGrace Weber, phezulu apha, wandithabathela ezantsi phaya. Ndandisandula kungena, ndidiniwe kukusuka kwimihlangano; kwaze apho xa ndandimthandazela, ndimfundele neSibhalo, waza ke wasindiswa. Ngoko, kwakunzima nokuphakamisa isandla sakhe, kodwa wayefuna ukuxhawula wonke umntu. Waye nje . . . okuthile kwakwenzekile kuye.

5 Kwaza ngelixa babesaxhawulana, ndabona umbono wakhe esiya kwihoko yeenkukhu, ebuya. Ndathi, "Kulungile, konke

kuzakulunga ngoku"; kwaye kwakulishumi elinesibhozo leminyaka eyadlulayo. Kwaye wayesoloko ekumtsi nje phambi kwalamhlaza, lonke elothuba. Ukuba sele wafa,. . . Zange abulawe ngumhlaza, wahlaselwa yintliziyo yambulala. Babemfake phantsi kwemo-yomoya; wafa ekuhlaselekeni yintliziyo.

6 Kwaye ngoko bendicinga, nje ekugqibeleni xa abantu bebephuma, baza bacula, *Kwaza Kwafika uYesu.* Oko kuko kanye okwenzekayo, Weza waza wabuhlangula ubomi bakhe kulominyaka ilishumi elinesibhozo. Ndaza ndacinga, "okunjani ukufaneleka." Lamfazi mhlawumbi yena wayengazi ukuba wayeyenza ngolohlobo. Ngoko, kwakhona, usenokuba wayesazi. Kodwa nje kwakukokunjani ukufaneleka ngokuba naloondawo phaya, *Kwaza Kwafika uYesu.*

7 Ngoku kukancinane nje ngaphambili, ndi—ndiyathemba, okwam ukulungela imihlangano. Ndiba phaku-phaku kakhulu. Ngalentsasa, bendigqwetheke kakhulu, ndiye ndaya ku—kuthandaza. Kwaye ndi—ndisekhaya, emva apha. Usapho, ndisandula kubasa e-Arizona, ndaye ndi. . . ukuze abantwana bangene isikolo. Ndaye ndibuyele apha nje ukuze ndi—ndiphumle olohlotyana, ndiye kuzingela noMzalwane uWood kunye negquba labazalwane apha; siphume ukuya kuzingela, kule izayo iveki. Siyakwehlela eKentucky. Kwaye ndandi. . . ndi kwi. . . kwenzeka nje ukuba ndingene ngosuku apho—apho uNkskz. Weaver asweleka ngalo, kwaye kulungile nje ukuba ndibe kanti ndilapha ze ndincede uMzalwane uNeville kulamngcwabo.

8 Kwaye andizami ku. . . andizami ku—kuthetha okuninzi ngayo, niyazi, phakathi kwabantu abakhalazayo. Ngoba, ndicinga ukuba, enye yezona zinto zoyikekayo ukuzibona yi—yindoda okanye umfazi osoloko ekhalaza. Bendisoloko ndicinga, "Thixo, ndigcine kuko." Yabona, oko—oko kwenza ethe-ethe ukholo lonke ixesha, uyazi. Vele nje—vele nje. . . ukuba wena—ukuba wena. . . ndiyazi ukuba ngokuya bekhula, ngamnye kuthi, sizakufumana okuthile kusenzeka nokuthile kusenzeka. Kwaye ndiyazi ukuba ezonto zincinci ziyakuqhubeka zisanda, njengokuba usiya ngokuba mdala, nazo ziyaya. Kodwa ndicinga ukuba enye yezinto ezoyikekayo, kukuba uSathana athwese isitshaba ubomi bomntu othile: elinophuku ixhego okanye ixhegwazana, niyabona. Ndi—ndiyathemba ukuba andiyi kufika kulondawo. Ndiyathemba ukuba ndingawathwala, amaxhala am, ndize—ndize ndifike kwindawo apho. . . Ndifuna ubomi bam buthweswe isitshaba soZuko lukaThixo: owaKhe umonde, ubulali, uxolo, ukuthobeka, ndize ndizaliswe nguMoya oyiNgcwele.

9 Ndaye mna. . . enye yezona zinto zam ezasoloko zindihlupha ebomini bam, ibisoloko iyimeko yobuphaku-phaku. Kulapho ndiye ndinxaphe kakhulu, ndize ndidinwe mpela. Ndiye. . . ngandlela ithile ndizive ngathi akukho mntu ukukhathaleleyo,

niyazi, yaye—yaye nani nonke . . . Ninayo, nani. Mna nje kwenzekile ukuba ndibenayo ngokugqithise ngenene, niyazi, yaye ibambi kakhulu ngamanye amaxesha, kwaye kubanzima nokuba ndi . . . Yinkxalabo, kwaye koko okuyibangelayo. Ndiye ndifikelele kwindawo ngoko apho amaxesha amaninzi, ingakumbi ngoninzi lwalomibono, uyabona, iye nje indifumane. Ndijonga emntwini, ndiyacinga, "Lo ngumbono. Hayi, hayi, hayi, asinguwo. Ewe! Asinguwo?" Uyabona? Kwaye nina nje aniliqondi into eliyiyo ixabiso elihamba nokuya. Ke ngoko—ke ngoko ni—niyamangala. Nize nifikelele ekucingeni, "Kahle, wena u . . ." Uze uthi gu bucala uthi, "Kahle, ngoku, yintoni—yintoni endiyenzileyo? Naku ndilapha, ndi—ndimashumi mahlanu eminyaka ubudala kwaye andiyenzelanga nto iNkosi; kwaye ndi—ndiyaguga. Iyintoni . . . ? Owu, bethu." Ngoko uze nje ufumane i . . . oko sasidla ngokukubiza nge "ukumatsheka." Abanye kuni bazalwane abamalunga nam ngobudala niyakukhumbula oko kwakudla ngokubizwa kuthiwe "unokumatsheka." Utata wayedla ngokuthetha ngako ndize ndimangaliswe kukuba wayethetha ukuthini, ndaye ngokuqinisekileyo ngoku ndiyakwazi oko wayekuthetha. Ke ngoko, uye ufikelwe kukuziva ngaloo ndlela, nto leyo ingeyo nene; nguwe nje, uyayazi. Yabona, uyayazi yona, nguwe nje owenza lonto.

10 Ke bendizama ukuzithulisa kancinci ngoku, ndize ndilungele u—utyhalo olukhulu nendinethemba lokuba luyeza kamsinya. Kwaye ngoko . . . kufuneka ndiye eNew York kwangoko, ndize ndi . . . kumhlangano khona phaya, umkhankaso. Emva koko ndehlele eShreveport, ndize ndibuyele ePhoenix. Ndize ndize ngokujikeleze intshona . . . kumda osezantsi wase-United States. Kwaye ngoko benza amalungiselelo aphesheya kweelwadle ngoku, ukuze siqale kwangoko sakuba sinakho emva kweyokuqala yonyaka, mhlawumbi ngoMatshi, Epreli, okuthile okunjalo; apho uqala eStockholm okanye e-Oslo, size sijikeleze ihlabathi, ukuba singanakho kolukhenketho lulandelayo.

11 Kwaye ngoku ndisekhaya, ndiphumle olohlotyana kancinci, ukuze ngahlobo luthile ndibuyele esiqhelweni ndize ndibengcono. Kwaye ukuba iNkosi ithandile, ndiyakubuya ngeCawa elandelayo, ukusuka ezantsi eKentucky. Kwaye—kwaye ukuba konke kulungile, kukholekile kuyo iNkosi, naye uMzalwane uNeville akakhathazeki; ke, ndiyakuzama nje ukubamba inkonzo kwiCawa elandelayo, ukuba—ukuba iNkosi iyavuma. Kwaye ukuba Yena nje uvuma njengoko uMzalwane uNeville esenza, ndi—ndiyakuba lapha. Ewe mhlekazi, Yena nje u . . . ukuba Yena uyavuma malunga nayo njengoMzalwane uNeville. Ndiyathemba Uyavuma. Ngoku, uyabona, ngoko ndiyazi kwakamsinyane, ukuba iNkosi iyavuma, ndizakukhe ndingabikho kuni ithuba elide.

12 Kwaye ndi . . . imiyalezwana nje, njengoko ndichola okuthile okuncinane entliziyweni yam, ke ndi—ndi—ndiziva ngathi ndifuna ukuyixela kuni, niyabona, kwaye singadlelana ngokurhangqe yona. Ngoku, ndinembalwa yawo, emihlanu okanye emithandathu esandula kundifikela kwezintsuku zimbalwa zidlulileyo. Ndaze ndahamba, iqela leentsuku apha, ndisiya kuzingela oonomatse kwalapha. Ndangena ematyholweni, ndaziphathela into yokubhala kunye nephepha. Yabona? Ngoku kumalunga nelixa lokuba ilunge nokukhanya kwemini, ndoyama ngomthi ndaweni ithile. Ukuba andiyi kulala, ndiye ndiqalise ukuthandaza, ndize ke mna, iNkosi iyakundinika okuthile, ndiqalise ukubhala phantsi amanqakwana ngayo, uyabona. Niyazi ukuba ndithetha ukuthini; xa ufika kuni, nize ngoko nina . . . Ngoko ndingene apha, ndiyibhale yonke kwicwecwe lephepha. Ndize ngoko xa ndibizwayo, ndibaleke ndiphume ukuya kuphuthuma icwecwe lam ndize ndiye kukhangela kulo ukuze ndibone ukuba ndingaqala ntoni na, niyabona. Oko kuko kanye okugqiba kwenzeka ngoku.

13 Ke ngoku, ndifuna ukuba, ukuba iNkosi iyavuma, ukuthetha nje . . . ndizama ukwenza . . . ukuphungula le mikhulu, mide imiyalezo, uyabona; apho iye inithabathe iiyure. Kwaye neNkosi indincedile ukuba ndenze omhle nomfutshane umsebenzi wayo eChicago, kubusuku bokugqibela phaya, malunga namashumu amathathu emizuzu. Kwada othile weza kujikela, esithi, "Bendingacingi ukuba unako oko kuwe, kodwa okwenzile!" Ke amashumi amathathu emizuzu, ukusuka kumalunga nezimbini ezinesiqingatha iiyure, okanye ezintathu, niyayazi. Ke mhlawumbi ndinganakho ukukhawulezisa ngokuhlwa nje ndize ndifumane ukuziqhelisa okuncinane, ndinganigcinanga thuba lide.

14 UThixo anisikelele. Akukhathaliseki nokuba ndiyaphina, akusayi kuze kubekho ndawo inje ngalomnquba apha. Likhaya, elimnandi ikhaya. Ndaye ndiyavelana kunye nosapho lakwaWeaver. Kunye nalo uxabisekileyo untsundu umzalwane oye wabhubha, ndithandaze kunye naye ithutyana phambi kokuba anduluke, unesihle sona isimilo. Kwaye useKhaya kunye noThixo ngoku, kwaye konke kuphelile. Waye uyakufuneka uhambile nakanjani na, kwaye sonke siyayazi lonto. Ke thina si . . . yanga iNkosi ingayiphumlisa imiphefumlo yabo eluxolweni, saye ngamini ithile sijonge ukuya kuzibandakanya kweLolizwe lingaphesheya, apho kungekho kugula, ntlupheko, okanye kufa. Kude kubengoko, masenze nje konke oko sinako sikwenzela iVangeli.

15 Ukuthetha ngenkxalabo, bendithandaza ngayo ngale ntsasa. Ubungenza ntoni ukuba ubungenayo inkxalabo? Cinga nje ngayo. Inkxalabo iyinxenye yokuphila. Oko kuye ngahlobo luthile kwandikhuthaza xa bendikucinga. Ukuba ubungenayo

inkxalabo, ubuyakufana nje nonopopi welaphu, ubungasayi kuba nazimvakalelo. Bekungasayi kubakho nto ubunokuze usebenze kuyo. Njengendoda nenkosikazi, mhlawumbi ukuba ufuna ukwenza okuthile, babe bezama ukusebenza kunye (ingakumbi amaKristu), abe omnye efuna . . . Nize ke xa nihlanganela uku . . . ufumanise oko akwenzileyo umfazi; inkosikazi ifumanise . . . Yabona, inkxalabo okunene yona iyanisondeza omnye komnye. Aze ubani akuxelele ukuba "Kahle," athi, "cinga nje ngomfazana odlule phantsi kweninzi inkxalabo xa wena ubungalunganga kangako, okanye umyeni odlule phantsi kwethile inkxalabo xa wena ubukhe awalunga. Kuze xa konke kuxolelwe, khangela indlela oye waziva ngayo malunga naye. Bethu, uvele nje . . . " Yabona, kumele ubenayo inkxalabo. Kukangako.

16 Kwaye nje cinga, ngeemvakalelo, bekuyakuba yini ukuba ubungenayo nayiphi na imvakalelo, ungenantlungu okanye nantoni na? Bekuyakuba yintoni ukuba bekungekho ntlungu konke-konke? Ubungasayi kuba namvakalelo konke. Yabona? Kwaye ukuba ubungenamvakalelo, ngoko olunye loluvo beluyakuba lumnkile. Yabona? Ke, yabona, yonke into ilungile nje nakangakanani na. Ke, "uThixo, usiphe nje ubabalo lokuba simelane nayo," yiyo lonto. Ukuba nje sithi sime ngolobabalo, size sime apho sithi, "Siyazi ukuba xa obu ubomi budlule, obona bukhulu bukwelinye icala apho sikhangele ukuya khona." Kwaye ngoku, si—sikhumbula ukuba zonke ezi zinto, ziyinkxalabo.

17 Oko, abanye abantu bazama ukwazisa ubuKristu, ngokuba "uyakuba ngokhululekileyo kwinkxalabo. Wena u . . . " Hayi, awunjalongo. "Ungokhululekileyo kwinkxalabo." Owu, hayi! Wongeza inkxalabo xa usiba ngumKristu, ngoba ubukade ngandlela ethile ungusihamba-nje, ulonwabo-hamba-thamsanqa, nokuba yayiyintoni phandle phaya, ungakukhathalelanga oko ukwenzayo.

18 Kodwa xa uthi ube ngowenene umKristu, thuba ngalinye uyazifuna, "Ndingaba ndisayikholisa na eyam iNkosi? Ukuba nje ndingakhe ndive kuYe!" Ikubeka kwinkxalabo, ikubeka ekuthini ugade. Nantso into ekwenza ube yilento oyiyo. Ke kamva, inkxalabo iyintsikelelo. Yindlela nje oyijonga ngayo. Yindlela nje oyijonga ngayo. Yabona? Ukuba uye nje ukhangele kwelinye icala, kukho—kukho . . . Akukhathaliseki nokuba uyisika ngokubhitye kangakanani na into, usashiyeka uphuma namacala amabini kuyo, niyabona. Ke ufuna ukuwabona omabini lomacala.

19 Ke inkxalabo . . . ndicinga ukuba, "Owu bethu, iyi . . . Iyintoni yona inkxalabo? Ukuba ngendandizelwe ndingenayo inkxalabo." Kahle, ukuba ndandingazange ndibenayo inkxalabo, ngendingazange ndibeyiyo into endiyiyo. Ngendingazange ndibenguye kwa umKristu, mhlawumbi. Yaba

yilenkxalabo eyathi yandiqhubela kuYesu Kristu. Yabona? Ke, iye yabayintsikelelo kum.

20 Ke ngoko njengokuba uPawulos watshoyo, ngokunga kwakuxa wayene-nkxalabo okanye okuthile okanye okunye, wathi wacela iNkosi ukuba—ukuba ilususe kuye amatyeli amathathu. Yaza iNkosi yathi, "Sawule, Olwam . . . Pawulos, Olwam ubabalo lukwanele."

21 Wathi, "Ngoko, sendiyakuqhayisa ngeengxakeko zam. Ngoko xa ndiswele amandla, kuxa ndinamandla." Yabona? Susela nje oko kuyintando kaThixo, kulungile.

22 Ngoku, ndabuzisa kuYe ngelinye ixesha xa yayidla ngokundihlupha kakubi kakhulu, yayindoyikisa. Waza Yena wandixelela, malunga nesibhozo okanye ishumi leminyaka eyadlulayo, Wathi, "Ayisokuze ikoyikise kwakhona." Yaye ayizange iphinde yenze njalo. Hayi, mhlekazi; musa—musa ukuhlupheka malunga nayo. Ndiyayiva nje, kodwa ndiyazi ukuba ikho; kodwa ndiye ndiqhubeke nje ngoba ayisandoyikisi kwakhona, ndinombulelo omkhulu ngalonto.

Ngoku, Wayesenokuthi, "Ayisayikuphinda ibekho kwakhona," kanye nje ngokuthi, "Awusayi kuphinda woyike kwakhona."

23 Ke kuyinjongo yaKhe ukuba yenzeke, ke mna ndivele nje ndiyamkele ndithi, "NdiyaKubulela, Nkosi, ndiyakuhamba ngaloo ndlela."

24 Ngoku, masithobeni iintloko zethu nje umzuzwana ukuze—ukuze sithandaze. Ingaba sikho isicelo esikhethekileyo somthandazo? (Ndibona iitshefu zibekwe apha.) Phakamisa isandla sakho. Nkosi, sikelela ngamnye kubantwana baKho.

25 Bawo Wethu oseZulwini, njengokuba ngoku sisondela kweYakho enkulu, enobungangamsha iTrone yobabalo, ngokuba siceliwe ukuba size. Siza phezu komyalelo kaYesu Kristu. Kwaye siza nawo onke amaxhala ethu, size siwaphose kuYe ngokuba Yena esikhathalele. Yenjani intuthuzelo leyo, yokwazi ukuba Yena usikhathalele. Omkhulu uThixo weZulu, umDali; usikhathalele, thina zidalwa Zakhe. Sivuyiswa kakhulu yilonto, Nkosi. Enjani yona intuthuzelo kulamaxesha siphila kuwo, xa kukhangeleka kukwazeka uku—ukutsala intuthuzelo kungekho kuyimbi into kodwa elaKho iLizwi. Eso sisixolisi sethu, isiThembiso saKho. Kwaye kwisiThembiso saKho, Uthe masizenze zaziwe izicelo zethu, kwaye "Ukuba niyakucela nantoni na eGameni Lam, Ndiyakuyenza." Kunye nazo zonke ezi zikhulu iziThembiso: "Celani niyakuphiwa. Yithini kulentaba, 'Funquka,' nibe ningathandabuzi, yaye iyakufunquka." Kunye nazo zonke ezi ziThembiso, saye sinokutsala kuLowo nje lonto sithi siyicele.

26 Izandla ziphakanyisiwe, badinga okuthile, Nkosi. Wena uyayazi intswelo yabo; banike, Bawo. Ndibeka owam

umthandazo kunye neyabo phambi kwaKho, nesam isandla siphakanyisiwe kunye nezabo. Naku kulele phezulu kwale desika apha, iitshefu zilele apha. Owu, indlela abathi abantu abanokholo, olukhaliphileyo ukholo, Nkosi,. . . Kukhangeleka nje kuyeyona nto othe Wena wandisikelela ngayo, ukuba ndikwazi ukuthandazela abantu abagulayo. Nokuba kuphi na, nandawoni na, naphi na apho ndiya khona, kubayinto emalunga nokuthandazela abagulayo. Thixo, nceda ngoku. Ndithandaza ngokunyaniseka ukuba Uyakunikeza izicelo zezi tshefu zibekwe apha, kwabo bantu bacelileyo. Yenza inceba Yakho ibe phezu kwabo.

27 Nkosi, siyaqonda ukuba uDade uHicks unomfazi olapha, nothe wabhabha ukusuka ndaweni ithile ukuze aze kuthandazelwa, unomhlaza; kwaye ufune ukwazi ukuba angabanako na ukumzisa apha. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Ubusindise ubomi balamntu; mphe oko. Owam omncinane umtshana, uMikie, elele ngaphaya egula kwaye egabha, onomkhuhlane ophezulu; ushiye nje ucango. Nkosi, ndi—ndiyakholwa ukuba sibenomthandazo wokholo apho wada Wena wayinqamla, kwaye ndi—ndi—ndinovuyo Ngawe, ndisiva umkhuhlane usimka ushiya lonkwenkwe phambi kokuba ndilishiye igumbi.

28 Ngoku, Nkosi,. . . ndiKubulela ngenxa yazo zonke ezi zinto. Ngoku kuwa neqashiso lam ukuthetha eLakho iLizwi. Sinike eLakho iLizwi, Nkosi. "Elakho iLizwi liyiNyaniso." Sikelela imiphefumlo yethu uze usinike u—ubabalo esiludingayo, ukuze silutsale lusuka kwiziThembiso zikaThixo ngokuhlwa nje, eLizwini, ukusigcina sidlule koku kuseleyo kwaleveki; sinike oko. Sikelela umalusi wethu, lo ukhaliphileyo umphefumlo, umkakhe, abantwana bakhe, amadikoni, amathenjwa, naye wonke umntu othi angene okanye aphume kwesi sakhiwo; siphe oko, Bawo. EGameni likaYesu Kristu sicela ezi ntsikelelo. Amen.

29 Ngoku, ndifuna ukufunda kwindawo ezimbini zemibhalo yeNkosi. Ndifuna ukufunda kuqala okusuka kwiNcwadi yeeNdumiso, eyama-86 iNdumiso. Ndize emva koko ndifunde okusuka koNgcwele uMateyu, kwese-16 isahluko, 1 ukuya kwisi-3. Kwaye ndifuna ukufunda indawana yaleNdumiso, ingabiyiyo yonke kodwa ezantsi malunga nowe-11 umqolo, ntoleyo idlule nje kancinci kwisiqingatha sayo.

30 Ndaye ndifuna ukubhengeza oku, ukuba ndibiza umxholo, phambi kokuba ndishumayele kuyo: *ElokuManyana Ixesha Nomqondiso*. "UMqondiso wexesha lokumanyana," oko kuvakala kubuntsokotha. *Ukumanyana*; (Yabona?) *Ixesha*; ixesha lokumanyana, yilonto ekuyiyo ngoku. Kwakunye no*Mqondiso* welaxesha lokumanyana.

31 Kwi—kwiNdumiso, umthandazo kaDavide, eyama-86 iNdumiso.

*Thoba indlebe yakho, Owu* Yehova, *ndive: ngokuba ndilihlwempu kwaye ndiswele.*

*Wugcine umphefumlo wam; ngokuba ndingowenceba: Owu Thixo wam, msindise umkhonzi wakho lo* ukholose *ngawe.*

*Ndibabale, Nkosi yam: ngokuba ndidanduluka kuwe yonke imini.*

*Wuvuyise umphefumlo womkhonzi wakho: ngokuba kuwe, Nkosi yam, ndiphakamisela umphefumlo wam.*

*Ngokuba wena, Nkosi, ulungile, kwaye ulindele ukuxolela; ube umkhulu ngenceba kubo bonke abakunqulayo.*

*Wubekele indlebe, Owu* Yehova, *umthandazo wam; . . . ulibazele indlebe izwi lokutarhuzisa kwam.*

*Ngemini yokubandezelwa kwam ndibiza wena: ngokuba uyakundiphendula.*

Owu, akukho kuhle na oko? "Wena uyakundiphendula."

*Phakathi koothixo akukho onje ngawe, Nkosi yam; akukho misebenzi inje ngeyakho* imisebenzi.

*Zonke iintlanga owazenzayo ziyakuza ziqubude phambi kwakho, Nkosi yam; uyakulizukisa igama lakho.*

*Ngokuba umkhulu, kwaye wenza imisebenzi ebalulekileyo: unguThixo wena wedwa.*

Mamela ngoku:

*Ndifundise indlela yakho, Owu* Yehova; *Ndi— ndiyakuhamba enyanisweni yakho: ndimanye intliziyo yam ukuba ndiloyike igama lakho.* (Umanyano! Yabona?) . . . *yimanye intliziyo yam ukuba ndiloyike igama lakho.*

32 Ndithetha ngoku ngo*kumanyana*; kwakunye *nexesha lomqondiso*. Ngoku, kuso ese-16 isahluko soNgcwele uMateyu.

*AbaFarisi kunye nabaSadusi beza, . . . bemlinga* yena, bamcela *ukuba* ababonise *umqondiso ovela ezulwini.*

Waza *Yena waphendula wathi kubo, Ngokuhlwa, nithi, ndi . . . Liyakufudumala: kuba isibhakabhaka sibomvu.*

*Kanjalo kusasa nithi, Liyakuba* phantsi . . . *ibenoqhwithela imozulu yanamhlanje: ngokuba isibhakabhaka sibomvu kwaye lisibekele. Owu bahanahanis*indini, *nikwazi nje ukubucalula ubuso bezulu; kodwa* anikwazi *ukucalula imiqondiso yalo ixesha?*

INkosi mayongeze ezaYo iintsikelelo zobabalo kufundo lweliLizwi.

33 Ngoku, sithetha ngalo olumnyano, ixesha lomanyano; umqondiso wexesha lomanyano. Yabona, uYesu wayelapha, kolufundo lokugqibela lweSibhalo, Wayekhalimela isifundisi ngenxa yokungakwazi kwabo ukucalula ixesha okanye umqondiso wexesha. Ngoku, oko kwakusoloko kuyeyona nto inkulu ebantwini, yabona, ukukwazi ukucalula *umqondiso wexesha ophila kulo*; ngoba uThixo uyibhala ngokucacileyo ukuze kungabikho bani unokuyiphosa.

34 Ngoku, ngokwesiqhelo, ndisenokubuyela emva ndize ndicholachole kwabanye abalungiseleli, ezinye izicaka zeNkosi kumaxesha eBhayibhile (njengomqondiso kwelikaNowa ixesha, umqondiso welikaDaniyeli ixesha kunye—njalo njalo, eyahlukeneyo imiqondiso), kodwa ndifuna ukudlula ngaphaya koko ngokuhlwa nje ukuze—ukuze ndonge ixesha, khon'ukuze . . . Kodwa ibisoloko iyekaThixo indlela, ukubanika o—owemvelo umqondiso wexesha, ukuze wonke umntu azi kanye ukuba kuxesha nini ekwa—ekwakulilo. Kwaye naba baFarisi babefanelwe kukuba balazi ixesha labo. Ngebabelazile ukuba kwakuxesha nini. Wathi kwenye indawo, "Ukuba benindazile Mna, ngeniwazile nowaM umhla." Yabona? I—ingako u—ukubayenkulu into yokuba siqonde. Yabona, "Ngaphandle kokuqonda!"

35 Yilonto ababesoloko bebhekiselele kubaprofeti ngako, babesithi, "Waye enokuqonda, ngayo imibono evela eNkosini. Kwaye iLizwi leNkosi leza kuba—kubaprofeti bakudala." Yabona, babenokuqonda ngalo iLizwi leNkosi, ngabo abaprofeti. Baze ngoko—abaprofeti banike umqondiso. Kanje, ngenye indoda eyalala ngecala layo ithuba elide, yaza yaguquka yalala ngelinye icala. Enye indoda kwafuneka ikhulule iimpahla zayo. Kwaza owu, zininzi izinto abazenzayo ukubonisa umqondiso ababephila kuwo. Kwaye ngoku siyazi ukuba uThixo owenza izulu nomhlaba, waza—waza ke wandlala umsebenzi waKhe ukuze Acacise elaKhe ixesha ngomqondiso, looThixo mnye uphila namhlanje. Ke simelwe sibe, into ethile . . . Njengoko sibona i—ixesha esiphila kulo, kumelwe ukuba kubekho into ethile athi umntu othile angayiqapheli, ndaweni ithile. Yabona? Ngoba uThixo akangekhe avumele ezi zinto zenzeke ngaphandle kokuba asinike umqondiso oqinisekileyo, lowo apho, esi—esiyakuthi siwuqonde.

36 Ngoku nantsi into namhlanje, esithi isifundisi, siye singayifundi ngokuchanekileyo. Kufana kanye njengokuba kwakunjalo ngoko, babengacingi ukuba elo lalilixesha. Babe—babecinga ukuba babephila eluxolweni ngoko, baye ke bengakhangeli kwaMesiya. NoYesu wayethe uKuza kwaKhe kuyakuba "njengesela ebusuku," xa i—xa abantu beyakube besekungazini ngoKuza kwaKhe. Kodwa kwakukho

ezinye kwiintombi eziziintombi ezathi zaya kuMkhawulela, isiqingatha sazo, zazine-oli ezibaneni zazo kwaye zilungele; zaye ziqwalasele lamqondiso. Kwaye abo ngabo endithetha kubo ngokuhlwa nje, yabona, kwabo bakhangela umqondiso ngoku, umqondiso woKuza kwaKhe.

37 Lemiqondiso inikiwe, yiNkosi, inikwe amakholwa odwa. Abangakholwayo abasokuze bayibone. Idlula ngqo phezu kweentloko zabo, kwaye abayiboni. Kwaye ngoku, kanye nje ngokuqiniseke kanje ngoba laNgelosi kaThixo inokuma kweliqonga ngokuhlwanje, kanye nje ngokunyaniseke nje—njengokuba ndinijongile, kwaye ndisengaba ndijonge kuyo; okanye nisenokuba nijonge kuyo ndibe mna ndingayiboni, okanye ndisenokuyijonga nibe nina ningayiboni. Ngoku, niyazi ukuba oko kungokweSibhalo; leyo yeqinisekileyo iNyaniso. Babona . . . Niyazi ukuba uPawulos wawa phantsi, kodwa bona . . . akukho namnye kubo owayenokubona okuya kuKhanya.

38 OkwakuKhanya kwakulapho kanye xa uYohane wayemi phambi kwesihlwele, kwaye amawaka elunxwemeni apho, abangabesifundisi kunye ne—neengqondi, amadoda amakhulu. Waza uYohane wathi, ngokwakhe, unobungqina bokuba ebone uMoya kaThixo usehla njengehobe usehlela phezu kwaKhe, kunye neZwi lisithi, "Lo nguNyana Wam oyintanda Endikholisiweyo kukuhlala kuYe." Kwaye akukho wumbi waYibonayo ngaphandle koYohane. Yabona? Yayiyeyakhe nje yedwa.

39 Nakhe nakuqaphela ukugqama, kwalamqondiso wezazazi? Bajonga, kwakukho . . . BabengamaHebhere. Babengengabo eneneni oosomajukujuku baseNdiya, babengamaHebhere; ngoba babe phaya kweliya lizwe befunda ngeenkwenkwezi, ukugqibezela imfundo yabo. Kwaye xa babezaku . . . bajonga kwicala langaseJerusalem, nasekwazini ukuba babona ezo zintathu iinkwenkwezi ziphuma kuwo ngamnye wakubo—wakubo umnombo, okaHam, Shem, noYafethe, ekuzezona ntlanga babephuma kuzo, elowo ngamnye, kwaye bazibona ezonkwenkwezi ziphuma kwiminombo yabo. Lowo yayingumqondiso kubo, owokuba xa ezonkwenkwezi zithe zakroza, uMesiya wayesemhlabeni.

40 Owu, bethu! Nanko unobangela wokuba beze, "Uphi Yena? Uphi Yena lo uzelweyo uKumkani wamaYuda? Siyibonile iNkwenkwezi Yakhe eMpuma, saye size kuMnqula. Uphi Yena?" Babesazi ukuba laMesiya useyimveku wayelele ndaweni ithile, ngoba uThixo wabanika umqondiso wexesha, owokuba uThixo nomntu babemanyana. Olunjani umanyano, xa uThixo wazimanya Yena buqu kumzimba womntu! Undoqo, olona lwakha lwalukhulu kuzo zonke iimanyano ezakha zenziwa, kungexa apho uThixo wamanyana khona nomntu; washiya eYakhe—eYakhe indawo enkulu yokuba enguThixo

waza watwabulula intete Yakhe ethabatha ubuntu, waza wabangomnye wabo, ukuze abahlangule. Umanyano. Olwathini? Olwathi lwazisa uxolo phakathi koThixo nomntu naphakade; onjani umbulelo esinawo.

41 Kwaye imiqondiso ibingakhe ithunyelwe . . . Ngoku fane ucinge, wonke umntu, nabo bonke oosomajukujuku; abantu baloomihla, amaxesha babewajonga ezinkwenkwezini. Kwakukho umlindi owayethi enyukele phezu kwe—kwemboniselo, ebeye ke enyukele apho asinge. Wayeye abone xa ezithile iinkwenkwezi zazithi zidwele ngandlela ithile, njengokuba zidlula, wayeye ke azi ukuba kuxesha nini. Niyakhumbula eZibhalweni, "Kuxesha nini, mlindi?" Aze umlindi abuye eze kumxelela ukuba kwakuyeyiphi iyure. Yabona, babebamba ixesha ezinkwenkwezini.

42 Ngoku, ayingomnqa into yokuba ezi nkwenkwezi zabakukroza ngqo ukwenzela lamadoda mathathu kwaza akwabikho bani ungomnye owazibonayo? Yabona? Nje kanye kukrozo. Ngoku, unako ukulungelelana kanjalo neSibhalo. Yabona? Xa ezonkwenkwezi zathi zamanyana, zazimanya kunye zadwela, amadoda amathathu amanyana kananjalo ngaxesha linye. Kwaye usengamanyana kanjalo noThixo, eLizwini Lakhe, de ezi zinto zibezeziyinene, kwaye ungazibona uze wazi ukuba ziyinyaniso. Yabona? Umqondiso wexesha! Usenokujonga ngqo ukudlula ngaphezulu kwayo, uthi, "Ah, ubuvuvu!"

43 Kodwa *kuwe* ayibubo ubuvuvu. Kuwe, uphinde wazimanya neLizwi, kwaye nantsi apho Ikhoyo. Ngoko ikuKukhanya ngokuqinisekileyo, Mzalwane uPat, xa—xa—xa—xa ubona lomqondiso umanyana kunye nekholwa. Kwaye kulapho ndikubhekiselele kubo oku, kukwikholwa, ngoba ongakholwayo akangekhe ayibone. Kwaye ibiyakuba kokunjani ukukhalima ukuba Yena ebesemhlabeni namhlanje; kuninzi lwesifundisi sethu namhlanje, abangenakho ukufunda lomqondiso; imiqondiso esiyifunda mihla le apha emnqubeni, kunye nokubona izinto. Babe abanye beyifunda kwaye bebona umbhalo wesandla eludongeni, babe noko kunjalo abaninzi basuka bangayinaki nje, babe bengayiboni ngokupheleleyo. Ayithethi kwanto kubo konke-konke; abayiqapheli.

44 Ngoku qaphela, ukuba kuko oku, ukuba Yena—Yena wakhomba kwimiqondiso yesizwe. Ngoku, xa bathi baMbuza malunga noku, babefuna imiqondiso; ke Wabanika imiqondiso eyenzekileyo. Baza bafuna ukwazi ukuba kwakuya kubanini na ukupheliswa kwehlabathi, wawuya kuba yintoni na umqondiso wesiphelo. Waza Wabakhomba kwiindawo ezininzi eSibhalweni malunga nemiqondiso yesizwe, malunga nowezulu umqondiso emazulwini, kunye nowomhlaba umqondiso; Wabanika imiqondiso, umqondiso, imiqondiso, kuqhubeka nje umqondiso. Kwaye xa . . . wathi Wabaxelela apho kwenye indawo malunga nowesizwe umqondiso, Wathi, "Xa nithe nabona izizwe,"

yabona, “ziqalisa ukungqinga iYerusalem,” yabona, ngoko siyazi ukuba ixesha lentlungu yabo likufuphi, “xa nithe nayibona iYerusalem irhangqwe ngumkhosi.”

45 Ngoku, phambi kokuba babenakho ukwenza oku, uThixo . . . Ihlabathi kwafanela ukuba limanyane. UTitus, le inkulu yamaRoma injengele kwafanela ukuba imanye amabutho ayo omkhosi ize kurhangqa, emva kokuba lamaJuda athi achasa onikezelwe nguThixo umqondiso wexesha kuwo. Lelo xesha awathi uTitus wamanya amabutho akhe omkhosi ndawonye, ukuba eze kuthabatha isixeko. Kuqala kwafuneka ukuba kubekho umanyano lwabakaThixo abantu (ababizwa njalo) ngokuchasene neLizwi likaThixo, phambi kokuba esasizwe sibenokuzimanya ngokuchasene nabakaThixo abantu. Yabona, u—u—umanyano, ukumanyana; ukumanyana ndawonye.

46 Ndikholwa ukuba siphila kwixesha lolukhulu umanyano. Ndothula ezi zibomvu izibane, kunye nemiqondiso edanyazayo neento zonke (zabafazi, uhlobo abenza ngalo; kunye namadoda, uhlobo enza ngalo; kunye namabandla, uhlobo enza ngalo), ndibonisa eli lincinane iqela, ngentliziyo yam yonke, ukuba ndikholwa ekubeni sidwele kumgca welikaThixo iLizwi kule inkulu yesiprofeto iyure, kanye nje ngaphambi kokuza kweNkosi uYesu; simanyana ndawonye kwaye sizilungiselela.

47 Ngoku, niyabona, ngaphambi kokuba uTitus azimanye izizwe ze . . . imikhosi yakhe ndaweni nye, uSirayeli wazimanya ndawonye baza bazenza ibutho, elokuba bona abasayi kumkholwa uYesu ukuba unguMesiya. Bamchasa Yena, baMkhuphela ngaphandle, baza baMbethelela. Baza ngoko, xa bathi baluchasa usindiso olwaluthunyelwe kubo, bathi bazimanya bayimbumba ukuze bakwenze oko. Ngoku, gcina oko engqondweni: ukumanyana babeyimbumba, ukuze bachase uMyalezo weyure! Kwakufuneka benze lonto. Kwaza ngoko xa bathi benza lonto, wandula owesizwe umqondiso wangena.

48 Izizwe zaqalisa ukuzimanya zabayimbumba, waza uTitus wazisa lo mkhulu umkhosi wamaRoma namaGrike waza wangqinga iindonga zeYerusalem, wathimba abo bantu baphaya ngoku, baza babulawa yindlala. Badla amaxolo emithini. UJosefas, usombali omkhulu, uyasixelela. Kwaye badla ingca esuka emhlabeni. Babede babilise abantwana babanye baze babadle; yabona, ngokunga babengabantu abaphambeneyo. Baze ngoko xa, kamva, uTitus, wayezinze emva phezu kweenduli, ezirhangqe iYerusalem phaya, baye—baye abo bantu apho babecinga ukuba babesenza intando kaThixo, xa bathi babona lemikhosi ingena. Bala ukuphulaphula kulowo Mkhulu uMlawuli, iNkosi uYesu, ekubaxeleleni kwakhe ngalonto.

49 Akukho namnye kuwo amaKristu owathi wabambeka apho, kuba bona bawubona umqondiso baze banduluka. Yabona? Bathi, “Mabathi abo baphezu kwendlu bangehli, okanye lowo

usentsimini agoduke, angayi kuthatha idyasi yakhe; kodwa asabele kwelakwaYuda, kwaye thandazani ukuba intsabo yenu ingabikho ebusika okanye ngeSabatha." Kuba, ebusika, ii—iinduli zaziyakuba zigcwele likhephu; kwaye ngomhla weSabatha, ucango—iingcango zazivaliwe, isango, kwaye babeya kufunyanwa bekuloomeko. Yabona? Sifuna ukufikelela kuko oko kwakamsinyane malunga ne. . . uhlobo uThixo enza ngayo ezo zinto, ukuba iNkosi iyathanda.

50 Qaphela ngoku, Yena . . . Bathandaza ukuba kubeyilonto . . . kungabikho ngalondlela, uYesu wabaxelela ukuba bathandazele lonto, kwaye akuzange kubanjwe namnye kubo ephaya. Babemkile ngoba babewujongile umqondiso, kwaye babemkile; nako kuphela okwakukho kuyo.

51 Owu, uhlobo amabandla namhlanje afanele kukubona umqondiso wexesha esiphila kulo! Baleka kangangoko unako uye eKalvari, uzuze uBomi; ingekuko ukuya kwelithile ibandla, kodwa uye kuYesu Kristu. Zimanye kunye naYe, hayi umbutho othile okanye ethile imvaba. Manyana noKristu, kwaye qiniseka ukuba nguYe. Awunakuvele nje uthathe noba yintoni, umelwe kukuba uqiniseke ukuba nguYe. Elinjani ixesha lomanyano!

52 Ngoku, sifumanisa ukuba bamala uMesiya baza bazimanya bayimbumba baza bazenza iqumrhu, baza benza i—i . . . isivumo phakathi kwabo sokuba ukuba ubani uthe wamkela uYesu njengomProfeti, ukuba abo bayakukhutshelwa ngaphandle ebandleni. Uyayikhumbula inkwenkwe eyimfama eyayinamehlo amfamekileyo? Baza abafundi bathi, "Kone bani? Yena, okanye uyise, unina?"

53 Waza uYesu wathi, "Kule imeko, akho wonileyo; kodwa kwenzeke ukuze imisebenzi kaThixo yenziwe, yaziwe."

54 Kwaye khumbula, bathi uyise nonina babengenako ukuchaza. Bathi, "Bayazi ukuba lo ngunyana wethu, kodwa asazi ukuba uphiliswe njani." Ngoba amaYuda ayethe nabani na othe wamvuma Yena ukuba ungumProfeti, abo bayakukhutshelwa ngaphandle.

55 Kodwa, uyabona, imisebenzi kaThixo yayiyeyokuba le nkwenkwe yayingelolungu lelaqela. Kwaye yathi, "Ngoku, ingumnqa kum into yokuba ningazi ukuba leNdoda isuka phi, ibe Yona phofu iwavulile amehlo am." Yabona? Ngoku, wayenokuyithetha lonto. Yabona, leyo yayi yimisebenzi kaThixo. Wayephilisiwe, engabikwa hlaba, yaye wayenako—wayenokuyixela ngoba wayengenazintsontela zimbopheleleyo zivela kwindawo ethile. Waye engulowo imisebenzi yayenziwe kuye, kwaye ngokuqinisekileyo wabona ezakhe . . . okwelakhe lokuqala ityeli kubomi bakhe.

56 Ngoku, amaJuda azimanya ngokuchasene noYesu kunye—kunye nokuchasene nobuMesiya Bakhe, kunye noMyalezo Wakhe wobuMesiya. Sibona lonto inye ngoku isenzeka, nje

efanayo into. Ubukomanisi buyamanyana ukuze butshabalalise icawe, kwaye indlela ekuphela kwayo yokuba i. . . oko kusemva kokuba icawa izimanyile yayimbumba nayo, kwiBhunga leeTyalike, eleHlabathi iBhunga leeTyalike, ukuze zikhanyele zize zitshabalalise uMyalezo, iLizwi! Baliphikile iLizwi, iicawa zenze njalo! Azinako ukuLamkela ngoba Lona lichasene neenkqubo zabo zobuhlelo; akukhathaliseki nokuba zingaphi iiNtsika zoMlilo ezinokuze zijinge kwawethu. . . phakathi kwabantu, okanye bangaphi abantu aba. . . zingaphi izinto ezingaze zichazwe kwangaphambili zize zenzeke, nayo yonke imiqondiso athe Wayithembisa yomhla wokugqibela; abanako ukuyenza yona.

57 Ngoko ke, bayazimanya kanye ngoku, naye umalusi wenu apha nabaninzi banganixelela, abaye bafunde, ukuba bona ba. . . banentshukumo yokuhlanganisana ye—ye—yehlabathi. Kunye ne. . . kukho owomLuthere umlungiseleli phezu kwayo. Ukuze, ukuba kuthe kwehla isithwakumbe, sibenokwenzeka kulengingqi apha; ukuba thina asimanywanga kulantlanganisela, ngoko inkonzo yethu ayinakuba sabayinkonzo, kwaye banokuyisebenzisa njengendawo yokugcina izinto. Okanye ukuba omnye wethu bazalwane unokuze abone umntu othile esifa okanye esenzakala, aze azame ukumshumayeza ngayo nayiphi na ekaMoya intsikelelo, besiyakuyidutyulelwa lonto; kunjalo kanye. Singade sinikwe ishumi leminyaka ejele ngenxa yokuba sithe sashumayela nantoni na, kuba singengawo amalungu alentlanganisela. Aniluboni na uphawu lwerhamncwa? Yabona? Yabona?

58 Ngoku, sibona eli lokumanyana ixesha lisiza. Yabona? Ngoku, qwalasela! Nalo ngoko ibandla lizimanyile ngokuchasene noMyalezo; laza ngoko xa lithe lenza oko, izizwe ziyazimanya kubuKomanisi ukuze zitshabalalise ibandla kwakhona; nje kanye lanto layenzayo kweyokuqala indawo. Yabona? Iyaphinda iyabuya kwakhona.

59 USirayeli kwafuneka awulandule uMyalezo kuqala. Kwaye xa bathi bawulandula uMyalezo, kwalandela umkhosi, obesizwe ubomi bazimanya ndawonye (obezinye izizwe), zaze zeza zalitshabalalisa ibandla. Kwaye namhlanje, bawulandule uMyalezo weNkosi uYesu, yaye baWulandule. Kwaye ngoku, ixesha lifikile apho ubuKomanisi bumanya khona ihlabathi ndaweninye ngokuchasene nebandla. Yabona, kufanele kubengalondlela. Ngoku, kunzima ukuyithetha lonto.

60 Kwakunzima kuloomaJuda ukuba akholwe, aye athi, "Ngoku yizani, bazalwane, siyabona ukuba—owethu u—uThixo unathi, ngoko ke siya—siyakuya etempileni. Kwaye ngoku sizakuthandaza, size sivumele ongcwele utata u*Sibani-bani* kunye nongcwele utata u*Sibani-bani* basikhokele emthandazweni. Valani isango!" Waza uTitus wathabatha indawo yakhe yokuma, waza wema kanye apho into

engangonyaka okanye ngaphezulu. Yabona, ebagadile, wabatyisela apho ngendlala. Zange kubekho namnye kubo owabanakho ukuphumela ngaphandle kwesixeko; baza bafa, babhuqwa yindlala. Waza xa wathi wangena apho wadiliza iindonga, igazi latsiza ukuphuma laza labaleka njengemilambo ukwehla apho kulondawo wayebaxhelele kuyo.

61 Ngoku, iNgelosi yeNkosi yayiprofeta lonto, emva kwiTestamente eNdala, yatsho ukuba oko kwakuyakwenzeka. Baza abobalungiseleli ababesisifundisi, nababefane ukuba bangabathunyelweyo ukuze baxelele abantu lonto; endaweni yoko, xa uYesu wayemi phakathi kwabo, abazange bamazi nokumazi Yena; bazama ukwenza o—o . . . oluhlobo luthile wo—wo wonyawo lomvundla, "Khawusenzele umlingo, khawusibonise ukuba—ukuba yenziwa njani! Sibonise umqondiso." Yabona?

Waza Yena wathi, "Mna . . . " Ngoba, Wayenze ezininzi izinto, kodwa noko bona babengayiboni. Yabona? Baza ngoko xa bathi bamchasa Yena nje ngowabo . . . uMyalezo walamhla, bachasa uMyalezo walamhla.

62 Basilela ukubona umqondiso walamhla. Kunye nomqondiso we—eseBhayibhileni isiprofeto sasenziwe phambi kwabo, baza bathi, "Masingeneni ngoku!" Bona baye bengangcwele amadoda. Babengamadoda owawungenakuze ubeke mnwe kubomi bawo. Ayengenakuba *njalo*, aze aphinde—aze aphinde a—a—abengabapriste. Umpriste wayeyakubulawa, wayeyakuxulutywa afe genxa yayo nantoni na encinane. Ke kwakufuneka aphile obucocekileyo, obungcwele ubomi. Wayengenakuyenza, ngoba wayexulutyelwa nje nantoni na. Kwaye ngoku baye bengamadoda abalulekileyo, nangcwele amadoda emehlweni abantu, noko kunjalo bangena baza bathi, "Ngoku, siyaku . . . SinoThixo, uThixo Obesoloko enathi kuzo zonke izigaba. Siyakuyongena etempileni Yakhe engcwele." Leya yayiyekaThixo itempile engcwele! Kodwa, niyabona, Wayelandulwe kanye kweYakhe engcwele itempile. Yabona? "Siyakuya endlwini yeNkosi. Ngoku nonke nina maHebhere niyazi ukuba siluhlanga olukhethiweyo, silulo, apha. Kwaye uThixo nguThixo wethu; uThixo ka-Abraham, u-Isake, noYakobi. Yena unathi. Uyakusihlangula kuwo la angalukanga amaFilisti phandle phaya (njengokuba kwakunjalo), ingalomaRoma kunye namaGrike. Uyakusihlangula kuko okuya. Masingeneni endlwini yeNkosi!"

63 Lonto ivakala ilungile; kodwa yintoni eyona nto bayenzileyo? UMakhi wendlu wayekho apho, ekwisimo soyena wakha waphantsi owomGalili umchweli, baza bona bamlandula Yena; xa uThixo wayesele eMngqinele ukuba unguye uMthunywa Wakhe weyure, ekwaliSebe. Baza baYilandula. Ke konke ukuthandaza, konke ukunyaniseka, nawo onke amadini abo

awazange abenantsingiselo kuThixo. Babeyenzile! Waza uThixo wavumela lo mkhulu umkhosi umanyane ukuze uyitshabalalise.

64 Kwaye siyabona namhlanje, njengokuba amabandla ngawo amahlelo njalo njalo, elandula iLizwi likaThixo. Abafuni ukuba nibe nibaxelela ngezi zinto, yaye nenzululwazi ingayingqina ngemifanekiso nako konke okunye, noko kunjalo abakafuni kwanto enanto yakwenza kunye Nayo. Ke ubukomanisi buyabumbeka ukuze buyitshabalalise, kanye nje ngokuba uTitus wenzayo, nayo iBhayibhile yathi babeya kwenza lonto. Ngokuchanekileyo!

65 Ngoku, niyabona na ukuba siphila phi? Ixesha lokumanyana. Xa sibona ezi zinto zimanywa, owu; kutheni, siyasilela ukubona ezo zinto? Unako—unako ukujonga khona apha eSibhalweni uze ubone ukuba kuphina apho Yena wathembisa lonto, lonto Wayezakuyenza. Ngoku, siyibona isenzeka. Siyibona ebandleni into Awathembisa ukuyenza; siyibona isenzeka. Sibona izizwe zimanyana ndawonye. Sibona ii-izims zimanyana ndawonye. Sibona iityalike zimanyana ndawonye. Lixesha lokumanyana. Yiyure yokumanyana. Lowo ngumoya wesigaba, "Kufuneka simanyane." Yonke into othetha ngayo kufuneka ibe ngumbutho; nkqu norhulumente akasayi kuyamkela.

66 Niyazi, nje ngommi . . . andinako nje ngommi, nje ngommi wase-United States, noko ndi—ndi . . . ubunokundinika itshekhi yeedola ezintlanu ndaye bendingenakuze ndilinge ukuba ndibeke igama lam kuyo. Hmm. Yabona, bendingenako ukuyenza lonto. Yabona, lixesha lokumanyana. Konke kufanelwe kudlule kuhlotyana lwemanyano ethile, kwaye loomanyano iyeyona nto kanye ethi izise uphawu lwerhamncwa. Yabona? Lixesha lokumanyana, kwaye kusebenza ngqo kuqhubekela kulonto. Unako ukuyibona nje ngamehlo la endalo, ukuba ubunokukhe uyijonge. Lixesha lokumanyana, apho yonke into imanyana ndawonye.

67 UmJuda—amaJuda amanyana ukuze achase uYesu, nje ngowabo—nje ngowabo uMesiya. Ngenxa yoko, siyabona okwathi kwenzeka. Sibona into efanayo ngoku, ubukomanisi bumanyana ukuze butshabalalise icawa, emva kokuba icawa ithe yazimanya kweleHlabathi iBhunga leeTyalike kwaye izama ukutshabalalisa uMyalezo, iLizwi likaThixo. Bazama ukushenxisa lingabikho Lona. Ekuphela kwento abanokuyenza kukuba bazihlanganisele ebhungeni, ngoba kwabona bohlukahlukene; iqelana elincinci apha, amaWisile, namaBhaptizi, namaLuthere, namaRhabe, ibandla likaKristu, njalo njalo ngolohlobo. Akukho nto bangayenza, ngoba *lo* yena uyakuchasa *lo* yena, *lo* yena achasane *no*mnye, imfundiso yabo yahluke njengokuba impuma injalo kwintshona. Yabona, abanako ukuyenza. Kodwa bakuba bendawonye, phantsi kwenye enkulu intloko, bakufumene. Bayifumene ngoko.

68 Yilondlela amaKatolika ekumanyano ngolona hlobo, amaKatolika aseRoma, ngoba akumanyano, bona ba... isininzi ngamaKatolika aseRoma; awamaGrike kunye namanye amaKatolika a—awamaninzanga nje ngamaKatolika aseRoma. Ngoku ayazimanya ndawonye, kwaye eso siso isizathu sokuba eme kunye. Nokuba kungathini, lapopu nguye oyintloko yako konke. Yabona? Kwaye nokuba omnye ongomnye uthini, "Yena ungongenakusilela; ungo—ungo—ongome endaweni kaThixo, kuphelele apho; usecaleni koThixo; ungothabatha izigqibo phezu kwesihogo, iZulu, kunye nendawo yokuhlaziya imiphefumlo ebhubhileyo." Yabona? Ke akukho kwanto engaze yenziwe *kulo*meko; nantoni na ayithethayo, yiyo ekumele yenziwe.

69 Ngoku, amaProtestanti azenzela intloko nje ngolohlobo, ngokufanayo. Ingaba iBhayibhile ayitsho na ukuba kwakukho umfanekiso owenziweyo walo irhamncwa? Yintoni umfanekiso? Yinto efana nayo, eyenziwe njengayo. Natso ke, into ekwafana. Iyintoni yona? Ngokuthi bazimanye ndawonye, kwaye lo ngumoya wesigaba, k*ukumanyana*.

70 Zimanyana ndawonye ngoku, zizama ukutshabalalisa uMyalezo. Bawutshabalalisa njani Wona? Bangaze balitshabalalise njani iLizwi likaThixo? Banganako ukuLenza into engento, ukuba lingenzi nto, ngokuba bathabathe izithethe njengokuba benzayo emva phaya ekuqalekeni, baza balenza iLizwi likaThixo into engento. Yabona, bathi, "Owu, leyo... Eneneni, emveni kwako konke,..." Uyakumbona apho lomfazi unganyanisekanga ozama uku...yena...ndiyalilibala ngoku igama lakhe; ukuba bendinokukhe nje ndilibize. Yena... ndizama ukucinga abaninzi.

71 Ndicinga ngaloNkosazana Nozizwe ngenye imini; ndinqwenela ukuba besinaye omnye okwanje ngalowa avele. Yayinguye lowa waya kwiindawo zentselo wachitha igrangqa, waphosa ngaphandle imiboniso nezinto zonke ezinjalo. Yini kungakhe kuvele othile onjalo umfazi namhlanje, aphumele ngaphandle apha aze akrazule eminye yalemifanekiso ihamba ze yabafazi abaluhlanga lwakhe, kunye nezinto ezinjalo? Ukuze, bangaze baphinde babenazo.

72 Ngoku, kodwa lo umfazi, usisiqaqadeki, owaye wathi i—i "iBhayibhile ayikho ngokomgaqo-siseko, ukuba mayifundwe kwizikolo zikawonke-wonke," kunye nezinto ezinjalo.

73 Ngoku nabo oku kwabo, ukhe waqaphela kwakhona, bazama ukuthi ngoku, kunye nabakhulu abaphengululi beziBhalo, bathi "uninzi lwesiprofeto oluprofetwe eBhayibhileni lwaluphosakele ngenene, kwaye azizange zizaliseke." Kwaye nivile ngako oko futhi nakufunda. Kwaye bazama ukuthetha yonke into; niyabona, bazama ukutshabalalisa amandla elaLizwi. Ukuba nje bebenokukhe

balitshabalalise baze balitshintshise Lona ngenkqubo okanye okuthile okukokomntu, oko kukhangeleka emehlweni abo kukokona kungcono kuneLizwi, baze ngoko baLitshabalalise ngezizezabo—ngesisesabo isithethe. Kwaye leyo yindlela abazama ngayo ukutshabalalisa iLizwi likaThixo, kungeepolitiki zabo zobuhlelo.

74 Ngoku, icawa nganye inezayo ezopolitiko. Ibandla likaKristu linezalo, elobuKristu ibandla linezalo, ize ibengamaBhaptizi, namaWisile, namRhabe; zonke zineepolitiki zazo ezahlukeneyo. Ngoku, bayabhekela kokuya ngoba bahlukahlukene. Yabona, yayingenakuyenza ngaphambili, bamelwe kukuyenza ngoku. Yabona, eli lixesha lokumanyana, kwaye ngoku bonke bayibeka kunye kwaye bayayihlanganisa ukuze babone ukuba bayakuphuma nantoni na. Bethu, kufana nokubhaka ilofu yesonka usebenzisa inyama yehashe, kunye nenkukuma ephuma emgqomeni, nayo nayiphina eyenye abanayo ndaweninye; baze bayixovule ihlangane, baze bagalele iitapile ezibolileyo nezinto ndawonye, ukuze babone ukuba yintoni ophuma nayo. Mna ndiqiniseke ekubeni andifuni nentwana yayo. Hayi, mhlekazi! Natso indlela abayenzayo. Yabona, bathatha abantu abakholelwa ekubeni uYesu waye eyintsomi nje, ibandla elikholelwa ukuba uYesu waye eyintsomi; elinye, abanye bakholwa ukuba Waye engumProfeti.

75 Omnye athi, "Imihla yemimangaliso idlule."

76 Omnye wathi, "Kusenokuba ingakho into enjalo."

77 Konke oku ndaweninye; ibe iBhayibhile yona ithe, "Bangaze bahambe kunye njani ababini bengakhange bavumelane?" Yabona? Ngoku, olo luhlobo lomanyano abanalo. Baze babe nothile utata ongcwele ukuze bambeke phezu kwayo, kwaye apho unomfanekiso werhamncwa, kanye lanto ibithethwe yiBhayibhile. Ngoku banomlungiseleli womLuthere, intloko yayo. Kakuhle, siyabona ukuba lixesha lokumanyana. Kwalonto inye ngoku, ubuKomanisi nako konke kumanyana ndawonye; ehlabathini, nasebandleni njalo njalo, kumanyanwa ndawonye.

78 Khangela emvelweni. Owu, bethu! Imvelo, ukuba ungakhe ubukele imvelo, yenza kwalonto inye. Imvelo yikhalenda kaThixo yemiqondiso. Beniyazi lonto? UYesu wabaxelela ukuba bakhangele emvelweni. Ulwandle lisengagquma, yabona, kuze kubekho izinto ezahlukeneyo, kunye neenyikima kwiindawo ezahlukeneyo, indlala esizweni, imiqondiso ezulwini, imiqondiso emhlabeni, kwiindawo zonke kuyakubakho imiqondiso yalamaxesha azayo.

79 Qwalasela amafu. Phambi kokuba amafu eze nesichotho, niyawazi ukuba enza njani? Iqela lamafu amancinane ayahlangana adibane, enze elinye elikhulu ilifu. Kakuhle, eli ke linentwana yomoya oliqhubayo, neliya nalo linentwana yomoya oliqhubayo, ize ivuthuze yonke kunye, uze ke ubeyinkanyamba.

Yabona? Ayamanyana phambi kokuba ibe nesichotho; amelwe ukuba enze njalo.

80 Bukela amadada namarhanisi emanyana ndawonye phambi kokuba alifulathele ilizwe lawo. Yabona? Ayamanyana ndawonye. Ungawabona ebhabha ukusuka kweli ichibi ukuya kweliya ichibi, esuka apha esiya phaya, onke eqokelelana ndawonye. Ayamanyana, elungiselela ukunduluka kwawo. Yabona, nje ku . . . leyo yimvelo, kwaye uThixo wadala imvelo, kwaye imvelo isebenza ngecebo likaThixo. Ingumthetho, ongabhalwanga umthetho kaThixo, lamvelo isebenza ngokoWakhe umthetho.

81 Kufana, ndithetha kwinkonzo yomngcwabo, ngencindi ethi yehle iye engcwabeni, ngaphantsi kwengcambu yomthi, ukuya kuhlala apho kude kufike uvuko entwasa hlobo. Kungumthetho kaThixo. Akukho bulumko bunokwenza lancindi yehle iye phaya; awunakuze uyikhamele ngaphandle, awunakuze uyisengele ngaphandle. Akukho kwandlela yakuyenza engangcono kunokuba uThixo eyenza. UThixo unendlela egqibeleleyo. Ke xa amagqabi esiwela phantsi, ngoko Yena uthumela incindi phantsi engcwabeni ayifihle. Njengoko uYobhi watshoyo, "Ndifihle engcwabeni de umsindo Wakho udlule." Yabona? Yehlela ezantsi phaya ngoba kungumthetho wemvelo, phambi kweqabaka. Jonga amagqabi ngoku eqalisa ukuwa. Kutheni? Ngumthetho wemvelo.

82 Amadada ayakuhlanganisana, ilelo ngalinye kuwo, aze ahlangane engqonge inkokheli. Khona apho ayakuyazi ngahlobo luthile, andiwazi ukuba ayenza njani, kodwa wona ayazi ukuba lowa uthile mncinane u-drake iyinkokheli. Kwaye lamfo mncinane, bonke abanye bahlanganisana ndawonye barhangqe yena, baze banyukele phezulu emoyeni. Aze yena . . . abe engazange wemka kwelachibi ngoku, kodwa uyakuya nje ngokuthe tye asinge eLouisiana okanye eTexas njengoko ebenokuhamba, ukuya kwintsimi yerayisi. Yabona, ngaphambili kokuba bathabathise ekubhabheni kwabo, ukushiya ikhaya labo apho bebezalelwe khona ngaloonyaka, baye bamanyane ndawonye. Amen! Nako apho ukhoyo; bedibene ukurhangqa inkokheli yabo.

83 Ingxaki yayo kukuba, enomntu, akamazi umkhokeli wakhe. Ewe, mhlekazi. Bonke bayakuhlanganisana barhangqe ihlelo, bayakuhlanganisana bangqonge ibhishophu okanye umntu, kodwa abasayi kuhlanganisana ukuze barhangqe iNkokheli, uMoya oyiNgcwele eLizwini. Yabona? Bathi, "Owu, kahle, ndiyoyika ndiyakuba ngonendawana zokuyibaxa; ndiyoyika ndakusuka ngonyawo olungelulo." Ooowu, nako apho ukhoyo! Bekunothini ukuba elincinane idada lalithe, "Andiyithandi indlela nje agcina ngayo iintsiba zakhe. Andikholwa ukuba ndiyakumlandela." Uyakugodola de ufe. Uyakufunyanwa ushiyeke apho, ukuba awuthabathisi kunye

no—nohambo ngomoya njengokuba kundulukwa. Iyamanyana buqu ndawonye, kwaye yindalo eyenza lonto.

84 Amarhanisi ayazimanya ndawonye, azihlanganise arhangqe inkokheli yawo; enza kwalonto inye.

85 Wakha waziqaphela iinyosi zimkisela? Iinyosi ziyakumanyana ndawonye, phambi kokumkisela, zize zingqonge igumasholo. Injalo lonto. Lize apho liya khona, nazo ziye kananjalo. Ewe! Ziye zenzeni? Ziye zimanyane phambi kokumkisela. Ngokuchanekileyo; yonke imvelo!

86 Iintlanzi ngokwazo ziyazimanya ndawonye ngaphambi kohambo lwasentwasahlobo. Ngaphandle elwandle, ungazifumana; ezi zinkulu . . . zona sithi zii "humpys," i-salmon. Xa zithi zinyukele phaya, phambi kokuba olwahambo lungene, uyakuzibona zingamashumi amawaka, phandle phakathi kolwa lwandle, zisiza zijika-jikeleza; kwanetyuwa amanzi, kodwa zona ebunyanisweni zizezasemlanjeni iintlanzi. Zaye apha ziye zenyuka kulamanzi omlambo, ukunyukela ixesha lazo lokuzalela. Zinyukela phaya zize zizalele, qho kumalunga nesine seminyaka, zize zife kwa-oko zakugqiba ukuzalela. Zaye ziyazi ukuba zizakufa, kwaye akukho nto ubungaze uzinqande ngayo. Ziyakutsiba ngaphaya kwamanqwanqwa eentlanzi nako konke okunye, ukuze ziye kufika apho, zisazi ukuba ziya ekufeni kwazo. Kodwa umthetho wemvelo uyazenza, zisazi ukuba ziya phaya zize zizalele emngxunyeni, zize zife. Kwandule ukufika kwezincinane, kuze okuthile kuzimanye ndawonye ngoko, zibe sezinduluka ukusinga elwandle. Lumanyano! Ngumthetho. Awunakuze uwoyise okaThixo umthetho.

87 Izizwe zi—ziyaphuka, ngenxa yexesha ngoku esilibonayo ukuba—ukuba zimelwe kukwenza oku. Sikwinkqubekeko yophazamiseko lwesizwe. Siyazibona izizwe ukuba zaphula ubudlelwane. Unyaka nonyaka, sibona *esi* isizwe siginywa bubukomanisi; *esi* siginywa bubukomanisi. Kuze kanye apha kwesi sethu isizwe, sidlavulwe bubukomanisi, kwaye buyakuthabatha ulawulo! Yabona, kuyakwenzeka, akukho ndlela yakubunqanda. Ngoba? Ikwasisizathu esinye sokuba wawungenakumnqanda uTitus. Abantu bamalile uThixo neLakhe iLizwi. Ewe, mhlekazi, ke bayakuyenza lonto, kwaye siyayibona ikwisenzeko.

88 Mna, ngokwesiqhelo, ndithatha iiyure ezimbalwa; sele ndithathe malunga nemizuzu emashumi mathathathu, kanye ngoku. Yabona? Kodwa ukuze ndingenise konke oku, ndiyatyhala nje. Ze niyifunde xa nifika ekhaya.

89 Qaphela, bayamanyana kanye ngoku. Uthi, "Mzalwane uBranham, ingaba oko kuyinyaniso?" Beza kwiDabi lase-Armageddon; kanye lonto bayakuyenza. Yabona? Kwaye bamanyanela lonto njengangoku. Yilonto sine-U.N. nazo zonke izinto esinazo. IHlabathi laseNtshona limanyana ngokuchasene

neHlabathi laseMpuma, ubukomanisi njalo njalo, konke kuyamanyana ndawonye. Amabandla ayamanyana ndawonye. Yonke into ikhangeleka imanyana. Umanyano, zimanyana buqu ndawonye, sibona oko.

90 Kwakhona, ngelixesha lonke olumanyano lwesizwe, le miqondiso, imiqondiso yesizwe, sibona phandle apha ehlabathini, iinyikima kwiindawo ezahlukeneyo, izinto ngezinto zimanyana; zihlanganisa ihlabathi ndaweninye, zihlanganisa abantu ndawonye, zonke iicawa ndawonye, zonke ezi zinto. Kwaye ngeli lixa lonke olumanyano beluqhubeka, kukho olunye umanyano olwenzekayo. Amen! Olo yilonto endifuna ukunikhombisa kuyo ngoku.

91 UThixo umanya uMtshakazi Wakhe. Uyahlangana ndawonye, susela eMpuma naseNtshona, kunye naseMantla naseMzantsi. Kukho ixesha lokumanyana, kwaye sikulo njengangoku. Umanyanelani Yena? Uxwilo. Amen! UThixo uyaMlungisa. Ewe mhlekazi, uyamanyana! Umanyana nantoni Yena? Kunye neLizwi! "Kuba onke amazulu nomhlaba ziyakudlula, kodwa Elam iLizwi alisayi kuze lidlule." Uyazimanya Yena kunye no-ITSHO INKOSI kungakhathaliseki nokuba eliphi ihlelo okanye nabani na ongomnye uthini. Yena uyaZimanya. Uyazilungiselela. Ngoba? UnguMtshakazi. Injalo lonto. Kwaye Yena uZimanya kunye noMyeni Wakhe, yabona, kwaye uMyeni liLizwi. "Ekuqalekeni ubekho uLizwi, uLizwi ebekuThixo, kwaye uLizwi ubenguye uThixo. Laza iLizwi lenziwa inyama lahlala phakathi kwethu."

92 Kwaye iBandla kunye noMtshakazi kunye neLizwi ziya sisibanye, de iLizwi lona ngokwaLo lisebenze imisebenzi yoMyeni. Amen! Niyayibona? Ukumanyana! Kungasekuko uku, "Zibandakanya necawa"; akusekuko *oku*, kodwa ikukubaleka usuke kuyo yonke into uze ubotshelelwe kuYesu Kristu. Yabona? Lixesha lokumanyana. UThixo, emanya iBandla Lakhe ndaweninye, eLibuyisela emva; nje ngokuchanekileyo. Emanya amaZwi esithembiso Sakhe.

93 Kwabesibini baseThesalonika, esesi-2 isahluko; Ithi, esi sesi-5 isahluko sithi, "Abangcwele abaleleyo eluthulini lomhlaba bayakuvuka. Size thina simanyane kunye nabo (abo basabudlayo ubomi, kunye nabo bebelele ukufa), siyakumanyana singekayi nokuyakufika Ngaphaya," ngoba uMtshakazi uyakube ephelele xa Efika Phaya. Abo babudlayo ubomi, abazimanya neLizwi, kunye nabo sele behambile benze oko; kwaye konke Kuyahlangana, kusenza enye imanyano yokumanyana phambi kokuba inyukele Phaya. Amen!

94 Ubukomanisi kufuneka buvele, nazo ezinye izinto kufuneka zivelile, kwanebandla kufuneka limanyane oku kwalo ngaphaya, xa lawo . . . nazo izizwe phandle phaya zime neBhunga leeTyalike zeHlabathi; naye uMtshakazi kufuneka amanyane

Isiqu phantsi kweLizwi likaThixo. Ukuze oko kwenzeke, uThixo uthumele ezantsi owaseZulwini umqondiso nezinto, ezingqinisisayo kulo iBandla, njengoko Enze njalo kwisizwe. Amen.

95 UThixo; elokumanyana ixesha! Ewe, mhlekazi. Owu, bethu! Ngoku, khumbulani ngoku, kukho ukumanyana kweLizwi (ukubuya komanyano kwakhona), kubuyiselwa "uKholo olwakhe lwanikezelwa kwakanye kwabangcwele." Lubuyiselwa emva! Oku ke bekungenziwa kuphela ngawo lo umhla. Ekuphela kwexesha ibinokwenziwa ngalo leli langoku. Ayizange yahlaselwa naphina okungokunye; bemka baya kwiinyhikityha zobuhlelo. Kodwa ngoku, ayizidibanisanga nayo nenye inyhikityha yobuhlelo, ngoba eli lixesha lokumanyana kwamadoda nabafazi azo zonke iintlanga, yonke imibala, zonke iimvaba, yonke into phantsi koKristu ngalo uBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele ze kubuyelwe eLizwini.

96 Ixesha lokumanyana kweBandla! Owu, bethu! Kumanywa lonke iLizwi ebelikade lithiwe sa konke ngaphesheya kusenziwa yilemibutho: kususela eNicaea, eRoma, xa bathi benza umbutho ngelokuqala ibandla, baze benza uLuther wabangumbutho, benza uWesley wabangumbutho, benza nazo zonke ezinye iinkonzo zabayimibutho. Kwaza ngokwenza oko, kwafuneka bazimisele umgaqo, kuze xa athe uThixo wathumela enye into eyenye, bangabinakho ukuyamkela Yona. Ngoko ke, kwakungenaku kwazeka de kube ngoku. Naye uThixo wathembisa, ngemihla yokugqibela, ukuba "uKholo looyise luyakubuyiselwa kuMtshakazi kwakhona," okokuba kuyakuba ngalendlela, kwaye kwakungekhe kubelilo naliphina elilelinye ixesha kodwa lona eli ixesha. Jonga onjani umqondiso ovela eZulwini, njengeNtsika yoMlilo indanda phakathi kwethu, kwakunye nemiqondiso nezimanga zeNkosi uYesu Kristu. Kwaye ngelilixa athe Wathetha nathi, Ayizange isilele ekubeni yegqibelele ukuya kuma ngechaphaza. Amen! Ngoko siyazibona apho simi khona. Elokumanyana ixesha!

97 Sibona izizwe zimanyana, sibona ihlabathi limanyana, sibona ubukomanisi bumanyana, sibona amabandla emanyana; kwaye sibona uThixo Ezimanya kunye noMtshakazi Wakhe, de Yena neBandla babeyinto enye. Haleluya! Njenge-pyramid phaya. Kunjalo! Bezimanya ndaweninye; uThixo emanyana! Ngoba? Zange ngaphambili, susela kwesokuqala isigaba sebandla, zange iNtsika yoMlilo ifunyanwe phakathi kwabantu. Zange ngaphambili, susela kwesokuqala isigaba sebadla, zange bakhe babone izinto esizibonayo thina namhlanje. Kwaye oku kubangelwe ukuba kwenzeke xa uThixo ethumele amaTywina asiXhenxe waze wasinika umqondiso ngaYo, waza wathumela isixhenxe seeNgelosi ezantsi ziphuma eZulwini; zeza ukuzakubuyisela elaLizwi lithe sa kuwo amahlelo, zize

zilibophelele emva kwiLizwi likaThixo kwakhona, ukuthoba oWakhe uMoya oyiNgcwele.

98 UYesu wathi, "Ukuba nithe nahlala kuM neLizwi laM kuni, ngoko celani oko nikufunayo, niyakukwenzelwa." Ukumanywa koMtshakazi ebuyelana neLizwi, lona linguThixo. IBandla kunye neLizwi, hayi iBandla kunye nomgaqo, iBandla kunye neLizwi; uMtshakazi neLizwi zimanywe ndawonye. Owu, bethu! Enjani i . . . Kubuyiselwa ntoni? UKholo lwabo bokuqala bepentekoste ooyise, yabona, aba baye bathiwa sa liqela likaLuther. Ingenguye uLuther ngokwakhe; hayi uLuther, hayi uWesley, ingengabo abo bakhulu abaseki. Kodwa emva kokumka kwabo, kwabakho ibandla elathi lavela, kwaye bona . . . benza ntoni ngalonto ngoko, benza umbutho ngayo. Baye bamkela imigaqo njalo njalo, baze kanjalo bemka. Khawufane ubajonge namhlanje, ngoku bafikelele kwelaBhunga leeTyalike zeHlabathi.

99 Ngoku, niyabona, kodwa ngemihla yokugqibela, niyabona, sibona izinto zisenzeka ngoku ezingazange zenzeka ngaphambili. Yabona, ngumqondiso kaThixo, kwaye konke oku kumanyana kungumqondiso wexesha. Ngoku, sifuna ukujonga lonto ngobunono size siqiniseke ngokupheleleyo ukuba siyayifumana. Ukushiya . . . bayalishiya elenyaniso iLizwi ngenxa yamahlelo; besamkela imigaqo neembono zamadoda ahlukeneyo endaweni yokuthabatha iLizwi.

100 IsiTyhilelelo 10 sithi, "UMyalezo wesithunywa sesixhenxe." Ngoku khumbula, oko kanye kungawesiXhenxe amaXilongo, kwaye kukho ezisixhenxe iingelosi ezivuthela asiXhenxe amaXilongo. Oko kuko esiya kuko emva koku. Kodwa khumbula apho, ngokona kungqala Ithe, "Elesithunywa . . . ," hayi iXilongo lesesixhenxe isithunywa, kodwa owe "sesixhenxe isithunywa uMyalezo." Yabona, hayi eseXilongo isithunywa, esoMyalezo isithunywa! Yabona, isithunywa sivakalise kuphela ixilongo, esiya sesixhenxe isithunywa, eyeXilongo ingelosi. Kodwa le ithi, "Ngemihla yoMyalezo wesesixhenxe isithunywa," yabona, xa owakhe uMyalezo ugqityiwe. Yabona, lowo ngowesigaba sebandla uMyalezo. Kweli ixesha, ngoko yena uyaku . . . uMyalezo, hayi iXilongo, kwaye "imfihlakalo kaThixo (leyo ibhalwe eLizwini) iyakuba igqityiwe."

101 Ngoku jonga ukuba ngowuphi lomhla siphila kuwo! Jonga lomaTywina, uhlobo oko kuthe kwatsala ngayo eliya lithe sa iLizwi likaThixo, oko wathi uLuther nayo yonke inxenye yabanye, abathe abo bakhulu abavuseleli abathi baphuma; okwathi kwabuyela emva kwaza kwayibonisa eBhayibhileni, apho babeyakuthi babekhona; ndoda nganye kanye kweyayo indawo, oko yayiyakukwenza kunye noko kwakuyakwenzeka ebandleni; wayeyakwenza ntoni, kwaye yintoni eyayizakwenzeka ebandleni; zonke ezi zinto azishiyeleleyo. Ze ngoko, ngomhla wokugqibela, xa thina

besingazi nto malunga nayo, sixelelwe kwangaphambili ngento ethile eyenzekayo; kwanawo amaphepha-ndaba nezinto zayichola-chola, zaze zeza ngqo ezantsi zayityhila zabe selezibopha ndawonye ezomfihlelo. Amen! Mzalwane, oko kugqwesile kum! Oko, kum, kulungelelanisa iLizwi. Amen! Andikhathali nokuba—ukuba, okanye, ndikunanzile ukuba abantu bathini, bacinga ntoni, kunjalo, kodwa kum kuyiNyaniso.

102 Njengezazi, zivela eBhabheli, zakhwaza, "Uphi Yena, ozelweyo uKumkani wamaJuda? Usemhlabeni, kanye ngoku. Kufuneka siMfumane." Injalo lonto. Kwaye ndiyakholelwa Usondele ekubeni eze ukuze ndithi, "Nanko, uMyeni esiza! Ndiva umemezo lwasenzulwini yobusuku!" Amen! Sifike kanye kwixesha lesiphelo. Owu, bethu, iyure esiphila kuyo. Qaphela. Yabona?

103 Onjani wona umhla! Elinjani lona ixesha esiphila kulo, le inkulu imfihlakalo kaThixo igqitywa; isizisa intloko-buThixo, isibonisa eyona nto Iyiyo; uhlobo ezi zincinci ii-izims, ziye zahamba zaMenza *oku*, waza umntu othile waMenza *oku*, waza othile waMenza *okuya*. Kodwa iNgelosi yeNkosi yehlile yaziveza zonke ezo-izims zabo, yaza yakhuphela elubala laNyaniso ngaphandle kwayo, yaza yaYidandalazisa. Kwaye nantso apho Ikhoyo, nje ngeyona ingqibelelo Ibinokuba yiyo, akukho enye indlela ubunokuhamba ngayo. Nantso apho Ikhoyo, yeyona nto Ayiyo. Yabona, imbewu yenyoka, zonke—zonke ezi zahlukeneyo izinto nebezifudula zifihlakele phakathi kwabantu. Yabona? Iyintoni? Wayene . . . Lo ngumqondiso wantoni? Manyana!

104 Wathini Yena kuMalaki we-4? Wobuyisela! Abuyisele olo lokuqala lwepentekoste uKholo, emva ebantwini kwangalowo mnye wepentekoste uMyalezo, omnye we-pentekoste umqondiso, obunye be-pentekoste ubungqina, omnye uThixo, akwamanye aMandla, ekwanye imfundiso, yonke into ngokuthe ngqo, ngongqinelo lwekwanye iNtsika yoMlilo eyathi yabetha uSawule yamwisa endleleni, eyehlela eDamasko iphakathi kwethu namhlanje, isenza kwa ezo zinto Wazenzayo ngawo lomhla. Ukumanya!

105 Sibona izizwe zimanyana, sibona ihlabathi limanyana, sibona amabandla emanyana. Sibona uMtshakazi emanyana, emanyana kunye neLizwi. Ngoba? ILizwi nguThixo. Kwaye njengokuba iLizwi . . . Njengokuba uMyeni (ekubeni eliLizwi), kunye noMtshakazi (ekubeni engumvi weLizwi), bayahlangana kuManyano. Bamanyana njengomsitho. Yabona, bazilungiselela umsitho, kwaye ba—bababanye. ILizwi libanguwe, nawe ubaliLizwi. UYesu wathi, "Ngaloo mhla niyakuyazi. Konke uBawo akuko, Ndikuko; nako konke eNdikuko, nikuko; kwaye konke enikuko, Ndikuko. Ngaloo mhla niyakukwazi ukuba Mna ndikuye uBawo, uBawo ukuM, Mna ndikuni, nani nikuM." Yabona? Ngawo "loo mhla." Owuphi umhla? Lo umhla!

Sifumanise ezona zinkulu zifihlakeleyo iimfihlo zikaThixo zityhilwa. Owu, ndiyithanda kanjani lonto!

106 Owu, qwalasela uhlobo inzulu-lwazi kunye neLizwi ebezingenakuthelekiswa ngayo, njengokuba zinjalo namhlanje. Babengenakukwazi ukuyenza ngaphambili. Kungoku apho bathe bakwazi khona.

107 Qaphela, Yena wathi, "eyezulu imiqondiso, eyezulu imiqondiso." Inzulu-lwazi, kunye neyesizwe imiqondiso; ngoku banemikhulu imiqondiso esibhakabhakeni namhlanje, banoosomajuku-juku nako konke. Kodwa yintoni eyenziwa ngabasomajuku-juku kwinzulu-lwazi yehlabathi? Ibaphathela uloyiko. Abalazi ixesha ekunoze kuthunyelwe ngalo phezulu into ethile enjalo ize iwise ezibhombo, kuze kube kuphelile ngathi. Yabona? Ngoku leyo yimiqondiso abanayo, eyoyikekayo imiboniso ezulwini. Yabona? Banayo, eze-athomi iintolo-mlilo nako konke, zonke iintlobo zemiqondiso.

108 Uyabona apho batyikitye khona esi—esi sivumelwano, ngenye imini, esokuba babengasayi kuphinda baqhushumbise nanye kwezi bhombo apha ngaphezulu, kodwa ngoku baya ngaphantsi kwamanzi kunye naphantsi emhlabeni, bezivavanya nje ngokufanayo. Yabona? Batyikitya isivumelwano, "Asisayi kukwenza oku, ukuba uthi awusayi kuyenza (kodwa siyakubuyela emva ekhaya size siyenze ngalendlela; ngelixa sisazi ukuba nawe wenza kwangandlela nye ngaphaya)." Yabona? Akukho kwanto nje, kuphela nje . . . akukho kuthembana phakathi kwabo, akukho—akukho kwanto. Usenoku . . . Yabona? Ingulowo uyamoyika omnye. Lowo ngowoyikekayo umqondiso.

109 Inzulu-lwazi nomntu nezizwe bavelise owoyikekayo umqondiso ezibhaka-bhakeni. Injalo ngqo lonto. Ngoku, ukoyikwa komnye ngomnye. Kwaye bekukho owezulu umqondiso onikezelwe kwi . . . Yabona ngoku, banomqondiso ezulwini nabo, owoyikekayo umqondiso, indoda ekusomajuku-juku; isenokuba inentolo-mlilo ye-athomi, nesenokuyiwisa ize itshabalalise isizwe siphela. Nyuka ngosomajuku-juku, uze ume phaya. Akukhonto ibathintelayo ukuba bangayenzi lonto. Bangayenza ngokuqinisekileyo lonto, bona . . . nangaliphina ixesha befuna. Basenokumzisa eluthulini ukuba babefuna, kodwa . . . kwishumi elinesihlanu semizuzu ukusuka ngoku. Kwaye yintoni umntu angayenza, nomnye kweliya icala, naye. Ke, uyabona ukuba banomqondiso, kodwa olohlobo lomqondiso lubenza boyike.

110 Bayamanyana ndawonye, behlanganisa amandla abo. Elikhululekileyo ihlabathi, lihlanganisa amandla alo ndawonye. Ubukomanisi buhlanganisa amandla abo ndawonye neRussia. Wonke umntu; kodwa elowo ngamnye woyika omnye ongomnye.

Yabona, ngowoyikekayo umqondiso. Injalo lonto. Leyo yeyesizwe imiqondiso, nezinto.

111 Kodwa iBandla lamkelele owaseZulwini uMqondiso: uSomajuku-juku! Amen! UYesu Kristu, ekwimo yeNtsika yoMlilo; leyo Wayekuyo kwiTestamente eNdala, Awayekuyo xa Wahlangana noSawule endleleni eyehlela phaya eDamasko, okwamnye uYesu elapha namhlanje! Kwaye yenzani Yona? Ingaba Yona iza noloyiko? Izisa uthando, ukumanyana komnye nomnye. Amen! Imvakalelo yomnye ngomnye. Izisa uThando lukaThixo, owu, isimanya kwaye isizisa, uMzimba kaKristu, kumanyano njengoMtshakazi. Yilonto eyenzayo ngoku, olu lukhulu umanyano athe uThixo . . .

112 Bayazimanya, elinye iqela *apha* ukuze lilwe elinye, elinye iqela ngapha ukuze lilwe nelinye. Apha ibandla limi phakathi kwabo; uzukhangele oko kuyakwenzeka, liyakumanyana nabo. Oko kuchanekile ngenene. Kodwa, ngoku, sifumanisa ukuba oko kuzisa uloyiko nokungazinzi.

113 Kodwa iBandla, uMtshakazi, limanywe nguThixo omnye, phantsi komnye uMoya, uMoya kaThixo, kolunye olungcwele uManyano lukaThixo, ukuze babengomnye ongcwele uMtshakazi kaThixo. Injalo lonto, konke kumanyana; umanyano loMzimba. UMzimba ulindile njengoMtshakazi; njengokuba—njengokuba unguye uMtshakazi, njengokuba sizibiza uMtshakazi. Ukwenzela ixesha lokumanyana koMtshakazi, iBandla lenza njalo ukuhlangana. Ifanele ukudala nje olona thando phakathi kwethu, ukuze singafane sibekude omnye komnye. Injalo lonto. Xa nje nina, awunyanzelekanga ucenge abantu ukuba bathandaze, awunyanzelekanga ukuba ubacenge ukuze banqule uThixo, akudingeki ukuba bacengwe ukuze benze okulungileyo. Bona nje bamthanda kangako Yena, kude kungabikho nto iyenye.

114 Ucinga ntoni ngentombazanana encinci, elihle ngenene igqiyazana elincinane, elizakutshata nothile onenkangeleko umfana nelingazivayo ngaye kukumthanda, ithetha okukhulu kulo kunobomi obubobalo, kwaye liyazi kakuhle ukuba bazakutshata? Njengokuba olwasuku lomsitho lusondela, lamfo mncinane, ndiyakuxelela, ewonke nje "uyazulazula." Yabona? Wenza nje yonke into ime ngendlela; uzinikezela ngokupheleleyo kuye. Injalo lonto. Yonke into emkholisayo, yiyo nje kuphela elifuna ukwenza yona igqiyazana. Kulungile, leyo kumele ibe yindlela yeBandla namhlanje, ukuba ubomi bethu bube bobufihlwe kuThixo ngaye uKristu, butywinelwe phaya ngoyiNgcwele uMoya.

115 Into ebendinifundisa yona apha, kukunixelela ngalemiqondiso kunye nezahlukeneyo izinto ezenzekayo, andinalo ixesha lokuyenza ngoku; ndiyakuyenza komnye umyalezo, iNkosi ivuma. Kodwa kukho inye into encinci

esasilelayo eBandleni. Kwaye siyayifuna lonto, ukufika kuyo, kwaye ndikungqameko lwayo kanye ngoku. Yabona? Sifuna ukufika kulonto, ukuba . . . ufanelwe kukuba uyenze. Ukuba akuyenzi, kuphelele nje, umelwe kukuyenza. Ngoba jonga, ixesha lokumanyana lisondele, ngoba uThixo uhlanganisa iBandla ndawonye ukuze libe u—uXwilo olusingisa kumsitho woLukhulu uManyano: xa uThixo kunye nomntu bayakuthi bamanyanele uNaphakade, xa izidalwa zexesha zimanyana neNaphakade.

116 Yakha yenziwa ikwimo yoNyana womntu emhlabeni. Kwaye kwafuneka ukuba Anikezele ngoBomi baKhe ukuze azise amandla, ukuze amanye abanye abantu kunye nalaMandla manye, angawoMtshakazi kaYesu Kristu. Kwaye ngoku iBandla lizimanya Lona buqu kuMzimba kaKristu. Lizikhulule ngokwaLo, laziqhawula laphuncula kuwo onke amancinane amatyathanga, lizilungisa Lona buqu; lizihlanganisa, umanyano phakathi kwabo; owu, uthando novuyo, naye uMoya oyiNgcwele ehamba phakathi kwabo. Owu, bethu, elinjani ixesha!

117 Njengokuba sibona amadada ezilungiselela, sibona lamarhanisi ezilungiselela, sibona izilwanyana . . . iinyosi zizilungiselela, sibona amafu elungiselela imvula, sibona yonke into; uhlobo ethi izimanye ngalo ndawonye, isenzela utyhalo lwayo olukhulu. Sibona iManyano yeZizwe, yezizwe ndawonye, zizimanya kubukomanisi. Siwabona emanyana ngapha kwiHlabathi laseNtsona. Sibona ibandla lizimanya ndawonye, zonke ezi zizezinye. Ke ngokuqinisekileyo akukwazeki, akukho limbi ixesha apho bekunothi kubeyilendlela; bekungenakuba yilendlela kumashumi amabini eminyaka edluleyo, bekungenakuba yilendlela. Bekungenakuba yilendlela kwishumi leminyaka elidluleyo, kumelwe kwenzeke kanye ngoku. Yabona, ngoba ezi-izims nezinto bezingekafikeleli kulendawo.

118 Ngoku vuka! Zivuthulule, ngokukhawuleza, uze ujonge apha kulendawo sikuyo! Apho sikhoyo? Njengezazazi, zimi emgceni kanye neLakhe iLizwi, kwaye nokuKhanya kweNkosi kukhazimla phezu kwendlela yethu. UZuko kuThixo eNyangweni. Kuphinde kubeluZuko kuThixo Othe wasinika uYesu Kristu, Lowo simthandayo, nothe wasizisa kuyo lendawo. Saye njengokuba si . . . Thina singabaKhe abantu, sithengwe ngexabiso eliliGazi laKhe.

119 Owu, bethu! Xa elokumanyana ixesha lifika, sijongile, njengokuba simanyana omnye nomnye kwiintsontela zowaKhe uMoya, thina . . . Kusenokuba ngowaKhe uMoya? Ngokuqinisekileyo, NguMoya waKhe. Kutheni Iyiyo? IliLizwi laKhe, kwaye Yena u . . . lowo nguMoya weLizwi. Kwaye xa laMoya weSithembiso ufika phezu kwakho uze ungqinele kwaye uZibonakalise khona apha, ingaba Ukwangomnye uMoya? Ikwangulowo Mnye wayekunye noMoses entlango!

Ikwangulowo Mnye wayephezu koYesu Kristu! Ngulowo Mnye wahlangana noSawule endleleni yakhe eya eDamasko! Nguye izolo, namhlanje, nango naphakade! Kwaye Wenza into efanayo!

120 Kwaye sibona izizwe zihlangene, sibona iintloko zebandla zihlangene, sibona ubukomanisi buhlangene, sibona ii-izims zimanyana, sibona zonke ezi zinto; kwaye ngoku sibona uMtshakazi emanyana neLizwi. Owu, bethu! Lixesha lokuba abangcwele bavukele ukumanyana nabo basabudlayo ubomi, ukuze kuyiwe kumanyana noYesu Kristu naPhakade.

121 Wanga uThixo angasinceda, sonke ngabanye, ukuze simanyane noKristu kobu busuku, siyakunikezela okwethu konke esikuko, yonke into esinayo, umphefumlo wethu wonke, umzimba, nengqondo, kuYesu Kristu, size sikhangele eloxesha loko kumanyana.

> Xa ixilongo likaThixo liyakukhala, nexesha alisayi kusabakho,
> Nentsasa iqhekeza uNaphakade, iqaqambile yaye intle;
> Xa abafele kuKristu bayakuvuka baqokelelane ngaphaya kwelinye ichweba phesheya (kunye noMtshakazi odla ubomi), ukuze bafunqulelwe phezulu kunye.

122 Khangela ekumanyaneni! UThixo emanya iBandla kunye nelaKhe iLizwi, iLizwi kunye neBandla, ukuze bobabini babentonye, "Thetha *oku*, kuyakwenzeka. Yenza *oku*, kuyakwenzeka. Yiyo le; ndiM lo phambi kwakho, ndiM lo eyingqinisisa; ndiM lo kunye nawe." Konke kulungile.

123 Sifumanisa ukuba ngoku ixesha liyafika xa iXilongo likhala, baze abo bangcwele baleleyo emva phaya, abanakwenziwa bagqibelele ngaphandle kwethu; baxhomekeke kuthi (amaHebhere 11); baze xa behlangana, bamanyane nabo basadla ubomi. IBandla limanyana kunye neLizwi, ize ibeliBandla neLizwi zimanyana ndawonye, besiba ntonye. Abafileyo abangcwele kunye nabaphilileyo abangcwele bemanyana ndawonye ukuze babe banye; baze bonke bahambe kunye ukuya kumanyana noKristu ngaphesheya, ukwenzela iSidlo sangokuhlwa soMsitho weMvana.

124 Lixesha lokumanyana, kwaye imiqondiso ibhabha kwindawo yonke. Imiqondiso ikwizizwe, imiqondiso ikubukomanisi, imiqondiso kwiHlabathi laseNtshona, imiqondiso kwiBhunga leeTyalike. Kwaye uMqondiso ulapha ngokuhlwanje phantsi kwesikhokelo sikaMoya oyiNgcwele, libe nalo iLizwi likaThixo liyingqinela kwaye liyenza ukuba ibeyiNyaniso. Amen! Elokumanyana ixesha! Umqondiso welokuManyana Ixesha!

Masithobeni iintloko zethu.

125 Nkosi uYesu, njengokuba intliziywana yam ixhumaxhuma luvuyo, njengokuba ndibona amathuba okuba kwenzeke, awam ndiyilendoda ibudala buphakathi, kodwa noko amathuba okuba kwenzeke ndiKubone usiza kwesi isizukulwana; ndibe ndiphilile ndime apha, ndibone xa elaXilongo likhala, "Lowo unyhukunyhuku, ahlale enyhukunyhuku. Lowo ulilungisa, ahlale elilungisa. Lowo ungcwele, ahlale engcwele." Owu Nkosi Thixo!

126 Kwaye ukucinga ngathi simile, ngomzuzwana, ngokuphanyaza kweliso, xa ihlabathi lingayi kwazi ukuba kwenzekani, kodwa ngesaquphe, uyakubona kuvelile phambi kwakho, abo ubathandayo nababesele bedlule, beze ukuza kumanyana nawe kwakhona. Kwaye siyakutshintshwa ngomzuzwana, ngokuphanyaza kweliso; size sinqakulelwe phezulu, sisonke, ukuya kuhlangana neNkosi emoyeni. Size ngoko simanyane Naye, ukuze sibelapho naphakade, singaze sibuye siphume kuBukho Bakhe kwakhona.

127 Enjani ukubankulu into namhlanje, Nkosi, ukwazi ukuba ngoku simanyene kunye noMoya omnye. Omnye uMoya, uMoya oyiNgcwele, olibambe Walinqakula iLizwi, ungena kuthi. Enjani yona ukubankulu into, enjani inyhweba yokuqhawula uphuncule kulo lonke ihlabathi, ukuze sizimanye kuYesu Kristu. Kwaye ukucinga ukuba ngenye imini, sikwisimo esiphathekayo, sinemizimba enje ngomzimba waKhe wozuko, siyakuhlala phantsi etafileni yesoMsitho iSidlo sangokuhlwa size apho simanywe sendiselwe ngomtshato kuYe; ukuze siphile njengoMtshakazi noMyeni kuwo onke amaxesha azayo, kuye ongenasiphelo uNaphakade.

128 Nkosi Thixo, kwanga oku kungangabiyiyo nje engenasihlahla ingcinga kubantu, kodwa kwanga kungayinene de uhlobo lokulamba nokunxanwa kungangena ebantwini ukuze ba...befunda amaphepha-ndaba abo, bekhangele kwi... bephulaphule unomathotholo neendaba, kwaye bebona ukuba lelokumanyana ixesha. Imiqondiso iyadanyaza.

129 Nkosi Thixo, nje ngangokuya besithetha ngabafazi, izinto abayakuzenza ngemihla yokugqibela; izinto ibandla eliyakuzenza ngemihla yokugqibela; nento iziGaba zeBandla eziyakuba yiyo, nento amaTywina ayakuba yiyo, zonke ezi zinto zizezinye. Kwaye sibona njengoko kwakunjalo, ngemihla kaNowa. Sibona njengoko kwakunjalo, ngemihla yeSodom noLothe, xa iNgelosi kaThixo yathi Yazazisa enyameni yomntu, eyathi yadla inyama yenkomo yasela ubisi oluphuma enkomeni, wadla isonka; wema phaya wabanako ukuxela oko kwakusenzeka emva kwaKhe. Kwaye uYesu wathi lonto inye iyakwenzeka ekubuyeni koNyana womntu.

130 Nkosi Thixo, siyibonile i-phiramidi, uhlobo esiyakha ngalo phezulu phaya, naye nibonile uhlobo esongeze ngalo ezi zinto

kuyo; saza safumanisa ukuba sikwixesha lokugqibela, silinde eliyiNtloko iLityе lembombo. UZuko kuThixo! Siyathandaza, Bawo, ukuba Uyakubavusa abantu, ngokukhawuleza ngoku, uze usiqokelele ndaweninye, ngolobuthixo uthando kunye nembeko kuYesu Kristu nakuye ngamnye kuthi.

131 Ukuba kukho bathile apha ngokuhlwanje abangenalo elothemba liphumle kuwe, aningephakamisi esakho isandla kuThixo nize nithi, "Nkosi Thixo, ndimanye naWe, ndimanye naWe"? UThixo akusikelele, mzalwane. UThixo akusikelele, kunye nawe, nawe; ewe. "Ndimanye naWe, Nkosi." Ewe! Owu, bethu!

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,

132 Jonga uSirayeli ngaphaya, umanyene ndawonye. USirayeli, ephuma kwihlabathi lonke, uzile ukuze bamanyane; ukuze bazimanye kwaye ngoku basisizwe. Basesimanyeneyo isizwe: uneyeyakhe i-flag, eyeyakhe imali, ongowakhe umkhosi, yonk'into; ukuba bakha banjalo, banjalo ngoku. USirayeli umanyene, iRoma imanyene, ibandla limanyene. Naye uMtshakazi uyamanyana, amen; nako ukuza koluya luKhulu uManyano. Iyintoni yona? Iyonke ishukumela kulaMqondiso, lowa ungoyena ndoqo uMqondiso, uYesu noMtshakazi waKhe bemanyana babento-nye.

133 Bawo, Thixo, nikezela ngezi ntsikelelo ndizicelela aba bantu, kwaye sanga singamanyana kuWe ngentliziyo nomoya, njengokuba bephakamise izandla zabo, benqwenela oko. Nkosi Thixo, sihlambulule uze usenze abaKho; siphe oko, Nkosi. Yilonto esiyaziyo nesinako ukuyenza, kukucela. Kwaye Wena uthe ukuba siyicelile saze sayikholwa, simelwe kukuba siyifumane; ndiyayikhangela, Nkosi. NdiyaKubulela ngelikaYesu Kristu iGama. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda,
Ngoba Waqala wandithanda,
Watheng' usindiso lwam
Emthini waseKhalvari. (Amen. Owu, bethu!)

Yabonani, uMyeni uyeza!
Ndiva umemezo lwenzulu yobusuku!
Siyakunyuka ngendanduluko, ukuba sonke sibambekile,
Sihlangane naYe esibhakabhakeni.

Qwalasela uthandaze, mzalwane,
Hleze wumbi athathe isithsaba sakho,
Ngoba odikidiki nowileyo
Abasayi kunxiba dyasi yamtshato.

134 Injalo lonto. Masilungele olumemezo lwenzulu yobusuku. Iyakufika ngeyure xa ungacingelanga. Kuyakubakho umemezo, hayi phakathi kwelabangakholwayo ihlabathi; iyakuba yimfihlo. Kodwa amakholwa, akhangela lento, ubona

iinkwenkwezi zisima emgceni? Yabona? Yintoni eyayivelisayo? Nje kanye ngohlobo eyenza ngalo kwityeli lokuqala. Yabona, nako apho sikhoyo, imiqondiso iyeza.

Sibona imiqondiso ibonakala eyokwaKhe
okusikelelekileyo uKuza,
Naku, bonani amagqabi omkhiwane
esibaluhlaza;
Ivangeli yobuKumkani ifikelele kwizizwe
zonke;
Kwaye sikufuphi, isiphelo siyabonakala.

Ngoko ngovuyo, qelele, siyakupapasha
uMyalezo wokwaKhe okusikelelekileyo
ukubonakala,

135 Ingaba kunjalo? Owu, papasha uMyalezo wokwaKhe okusikelelekileyo ukubonakala! Yilonto esimelwe kukuyenza. Xelela wonke umntu, "Lungisa, lungela ukuhlangana noThixo." Amen! NdiyaMthanda. Owu, uhlobo endiMthanda ngalo. Ngoku, masimeni ngeenyawo zethu ngoku. Njengokuba sibhabhayisa omnye nomnye, jika macala uze uxhawule othile, uze uthi:

Side sibuye sihlangane! (xhawula izandla,
ngoku) . . . de sihlangane!
Side sibuye sihlangane kwezikaYesu iinyawo;
Side thina . . .

Khumbula, usenokufumana ubizo. Olandelayo umhlangano usenokuba sezinyaweni zaKhe.

Owu uThixo abenani de sibuye sihlangane!

136 Ngoku, cinga nje, phambi kokuba sihlangane kwakhona; phambi kokuba sihlangane ngeCawa kusasa, okanye ngolweSithathu kusihlwa, kusengenzeka ukuba . . . into yokuqala oyaziyo, umntu othile unyamalele. Lo unyamalele, kwaye bemkile. Owu, ukucinga ngomyeni wakho enyamalele, okanye umkakho enyamalele, kwaye—kwaye nokaJohn umfazi enyamalele, kwaye—kwaye—kwaye nangapha abantwana banyamalele. Konke kwenzekile (kwenzekeni?), ngoko wena ushiyekile!

Owu, okunjani ukulila nokukhala xa
abalahlekileyo bexelelwa isiphelo sabo
esingesihle,
Bakhalela kumatye neentaba, (NjengoSirayeli,
ehamba ukubuyela esixekweni, esiya
eTempileni.)
Bathandaza kodwa imithandazo yabo yayisele
ishiywe lixesha. (Bawuchasa uMyalezo.)

137 Owu, mzalwane, ungaze uyenze lonto. Nantoni na oyenzayo, yima ngokukhalipha ngenxa yesizathu! Ewe, mhlekazi!

138 Ngoku, side sibuye sihlangane, siyakwenza oku:

Thatha iGama likaYesu kunye nawe,
Njengekhakha kuwo onke amaxhala;
Xa izilingo ziqokelelana zikurhangqa, (Wenza ntoni ke wena?)
Phefumla elaGama lingcwele emthandazweni.

Elinexabisw' iGama, Owu limnandi!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
Elinexabisw' iGama, Owu limnandi!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu.

139 Masithobeni iintloko zethu ngoku, njengokuba singqumshela.

EGameni likaYesu siyakhothama,
Siwe ngobuso kwezaKh'iinyawo,
Kumkani yeekumkani eZulwini . . . mthwese Yena,
Xa uhambo lwethu luphelile. (Luyakuphela, ngeny'imini.)

Owu linexabisw' iGama, linexabiso iGama, Owu limnandi!

Side sibuye sihlangane kwakho, uThixo abenani.

Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
Elinexabisw' iGama, Owu limnandi! Limnandi!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu.

*ElokuManyana Ixesha Nomqondiso* XHO63-0818
(The Uniting Time And Sign)

LoMyalezo ngoMzalwana uWilliam Marrion Branham, washunyayelwa okokuqala ngesiNgesi ngokuhlwa kwangeCawa, ngo Agasti 18, ngo 1963, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, eIndiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org